# *Isigulo Sokulibala Ngokwasemoyeni*

Ngoku ndiyakholwa, ngoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, ngoku ndiyakholwa;
Ngoku ndiyakholwa, ngoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, ngoku ndiyakholwa.

2 Masiqhubekeni simile nje ithutyana ngoku ukwenzela iLizwi leNkosi. Masityhileni ku Amos, umprofeti u-Amos, isahluko se-3, ukuqalisa kumqolo wo-1.

3 Ndifuna ukubulela uDade uJuanita no Anna Jeanne noDade uMoore, ngeengoma zekhoras ezithandekayo. Yandibuyisela umva, njengokuba ndandihleli phaya ndayimamele. Ndandicinga, xana babekunye nathi, becula kwiphulo, uMzalwana uJack kunye nam sasincokola, loo mantombazana yayingamantombazana amancinane, ishumi elinesithandathu nje elincinane, into ethile enjalo, ntombazana. Ngoku, ndiyacinga, uDade u-Anna Jeanne unabantwana abahlanu, kwaye uDade uJuanita una—una. . .umama wabantwana ababini. Kwaye sisondele ngenene kokwakutshona kwelanga, bafazi, kunokuba sasinjalo ngoko, malunga neshumi elinesithandathu umahluko. Akuyi kuba kudala, siyakube siwela, elo xesha lizukileyo.

4 Ngoku ku-Amosi isahluko se-3, masifundeni.

*Liveni eli lizwi alithethileyo ngokuchasene nani uYehova, Owu bantwana bakaSirayeli, ngokuchasene nayo yonke imizalwane endayinyusayo. . .ephuma eYiputa, esithi,*

*Nguwe kuphela endikwazileyo. . .yonke imizalwane yehlabathi: ngenxa yoko ndiya kunivelela ngo. . .* ubugwenxa *benu.*

*Bakhe bahambe ndawonye na ababini, bengavani?*

*Ikha ibharhule na ingonyama ehlathini,* inga*phangi? Ingonyama entsha iya kukhala na emhadini wayo, ingabambanga nto?*

*Ikha yeyele na intaka esibatheni emhlabeni, kungekho sango liyithiyeleyo? Umntu angawurhola na umgibe emhlabeni,* engabambanga nto *kuwo?*

*Liya kuvuthelwa na* i*xilongo phakathi komzi, bangoyiki abantu? kuya kubakho ububi na phakathi komzi,* enge*nziwanga ngu*Y*EHOVA?*

*Ngokuqinisekileyo iNkosi*. . .*ayikhe yenze nto, ingathanga* ihlakaze iimfihlakalo *zayo kubakhonzi bakhe abaprofeti.*

*Ingonyama* i*bharhule, ngubani na* o*ngayi koyika? iNkosi*. . .i*thethile nje, ngubani na ongayi kuprofeta?*

Masithobiseni iintloko zethu.

5 Nkosi Yesu, yanga oku, iLizwi Lakho, Nkosi, sanga singaba nobudlelwane ngobubusuku kuyo le ndawo. Siyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakusinika umxholo wesicatshulwa, wokokuba siya kuthabathela ukusuka apha, kwaye kwanga kungazisa uzuko kuWe. Sisikelele njengoko silindile, Nkosi, ngokuhlwanje, phezu kweLizwi Lakho. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Sindisa abalahlekileyo. Nika amandla kwabatyhafileyo, Nkosi, ababa buthathaka, kokubini ngokwasenyameni nangokomoya. Kwaye sinike ukuthululwa okukhulu koBukho Bakho, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

6 Ndinqwenela ukuthabatha ukwenzela umxholo, ukusuka koku, ngokuhlwanje: *Isigulo Sokulibala Ngokwasemoyeni.*

7 Ningalibali, ngomso, ngumthandazo wabagulayo ngomso. Silindele ukuba iNkosi yenze izinto ezinkulu ngokugqithisileyo, ngomso emva kwemini ngentsimbi yesibini, apho thina. . .xa siqalisa iinkonzo zethu. Inkwenkwe iyakuba lapha ukuza kukhupha amakhadi omthandazo. Kwaye wonke umntu uyakuthandazelwa ofuna ukuthandazelwa. Kwaye silindele ixesha elimnandi, ngomso, eNkosini.

8 Ngoku nina bantu nilapha, nityelele nisuka ngaphandle kwedolophu. Khumbulani, kukho okulungileyo, amabandla eVangeli ezeleyo kuso sonke isixeko. Namkelekile kuwo onke.

9 Bendithetha nje nomnye wabafundisi endisebenzisana nabo, ngaphandle, ungene nje, uMzalwana uJackson, owayefudula elibandla lamaWisile, ezantsi isixeko okanye ezimbini ezantsi kwethu.

10 Kwaye bangaphi abalapha abanxulumene nomnquba, masibone izandla zenu, kuyo yonke indawo. Bethu, ngokuqinisekileyo—ngokuqinisekileyo ndiyavuya ukuba nani ezantsi. Lo ngowona mhlangano ukufutshane endikhe ndaba kuwo e-Indiana kwixesha elide. Ndicinga ngokubuya, kungekudala, nokumisa intente nokuba naloo Maxilongo asixhenxe okugqibela, iNkosi ithandile.

11 Ke, ngoku, kodwa khumbulani ngomso. Ningalibali, ngomso ngentsimbi yesibini. Kwaye, ngoku, inkonzo yethu elandelayo iyakuqala kwiveki ezayo, eTampa, eFlorida.

12 Ngoku ndifuna ukuthetha kwi: I*sigulo Sokuli-*. . . *Sokulibala Ngokwasemoyeni.*

13 Ngoku, lo mfo mncinci sithetha ngaye, U-Amos, okomzuzwana nje, ukufumana imvelaphi yethu phambi kokuba sifike kwisicatshulwa. Oku kwakungexesha lokuphumelela okukhulu kwelakwaSamari. USirayeli wayephumelele. Babelilandele ngenene ihlabathi kwaye babephumelele.

14 Akusoloko ukuphumelela kuluphawu lweentsikelelo zokomoya, kodwa ngamanye amaxa ngokuchaseneyo. Abantu bacinga ukuba mhlawumbi kufuneka ube nezinto ezininzi zehlabathi, kwaye ibonisa ukuba uThixo uyakusikelela. Ayiyonyani leyo. Ngamanye amaxesha kuba ngenye indlela.

15 Kodwa sifumanisa, yena, asazi kakhulu ngalo mfo mncinane. Yena, asinambali, apho avela khona. Siyazi ukuba yena, ngokweSibhalo apha, ungumalusi, kodwa uThixo wamvusa.

16 Ndingaba nomfanekiso-ngqondweni ndibona, ngemini eshushu eSamariya phaya, esinye sezixeko ezinkulu zabakhenkethi ehlabathini ngaloo mini. Iyinto ethile ngokohlobo lwe, sinokuthi, iMiami, okanye—okanye iHollywood, iLos Angeles, ezinye zazo iindawo ezinjalo, enye indawo enkulu yabakhenkethi. Yaye sinokuba nomfanekiso-ngqondweni nje simbona. Wayengazange abe kwisixeko esinjalo. Kodwa, wayeneLizwi leNkosi, wayesiza kwesi sixeko sikhulu apho isono sasifunjwe macala onke. Abalungiseleli babemkile bonke eLizwini likaThixo, kwaye babengazange babe namprofeti iminyaka emininzi.

17 Ke ngoko lo mfo mncinane, njengoko wayeqabela induli, nje esemantla eSamariya, ndinokuba nomfanekiso-ngqondweni ndimbona, ilanga elishushu litshisa ezantsi, namabhovu akhe angwevu ebusweni bakhe, namehlo akhe amancinci ecuthekile, nentloko yakhe encinci enempandla yabengezela, njengokuba wayejonge ezantsi kweso sixeko. Kwaye amehlo akhe ayecuthekile. Wayengajonganga koko abakhenkethi babeqhele ukukubona, ukuya esixekweni aze abone yonke imitsalane yaso yobuhle. Wajonga waze wabona onjani umbono othe la mzi wanguwo, umzi owawufudula ungumzi kaThixo, kwaye wangene kokunjalo ukubola kokuziphatha ngolo hlobo. Akumangalisi . . .

18 Lo mncinane, umfo ongaziwayo yayingu-Amosi umprofeti. Kwaye ngoku asazi kakhulu ngaye. Asazi apho avela khona. Abaprofeti bavamise ukuza ekubonakaleni, bengaziwa, bemke ngendlela efanayo. Asazi apho bavela khona, apho baya khona, asiyazi ngemvelaphi yabo. UThixo uyabavusa nje. Wayengengomntu unokujongwa kangako, kodwa wayeno-ITSHO INKOSI. Yeyona nto iphambili endiyibonayo. Kakade, weza kwaSamari ukuze aqalise iphulo lakhe. Ndiqinisekile wayengenantsebenziswano namntu. Wayengenalo ikhadi

lobudlelane nakweliphina ihlelo. Wayengenaziqinisekiso zokubonisa ukuba uphuma kweliphi iqela. Kwaye, kodwa, wayenento enye, wayeneLizwi leNkosi leso sixeko.

19 Kwaye ndiyamangala, ukuba besinokumthwala u-Amos, namhlanje, ukuhla ukuya kwixesha lethu, Andazi nokuba angamkeleka na kwisixeko sethu namhlanje. Andazi nokuba besiya kumamkela na, okanye besiya kwenza kanye njengokuba benzayo. Izixeko zethu sizifumana zikwimeko efanayo yokubola. Kwaye sifumanisa ukuba isono sikhulu nje phakathi kwabantu, njengokuba sasinjalo ngoko. Kwaye andazi, ukuba le ndoda incinci, ingaziwayo, izakuliqala njani eli phulo? Njani, uzakuqala ngaphi? Ingaba uya kweliphi ibandla, okanye ngubani aza kusebenzisana naye? Wayengenanto yokubonisa apho wayevela khona, wayengenanto konke kuphela ITSHO INKOSI weso sixeko.

20 Wabafumana bebole kakhulu kwaye bonakele kakhulu ngokuziphatha, yayilixesha elikhulu. Abafazi beso sixeko babephantse bafana nohlobo abalilo e-United States. Babonakele. Yonke into uThixo awayeyilindele kubo, babehambe kanye ngenye indlela. Kwaye—kwaye sifumanisa ukuba yayiyindawo entle apho babenemidaniso esitratweni, abafazi bezihluba iimpahla zabo ngokungekho similweni, nanjalo njalo, njengabazihlubayo. Kakade, oko yayilulonwabo lwasesidlangalaleni ngezo mini, ngoku iyimihla yonke. Vumela nje imozulu ibe shushu, kwaye akufuneki uye kuwo nawuphi na umboniso. Bonke basesitratweni, naphi na, nakanjani na. Ihlazo kuni bafazi, ukwenza into elolo hlobo! Ingaba aninazintloni ngeziqu zenu?

21 Kwaye emva koko—kwaye emva koko ndayithetha loo nto komnye umfazi apha, kungekudala, waze wathi, "Ngoba," wathi, "Mzalwana uBranham," wathi, "oko, oko—oko kufana nje nabanye abafazi."

22 Ndathi, "Kodwa akufuneki siziphathe njengabanye abantu. Sahlukile. Silu—uhlobo olwahlukileyo."

23 Indikhumbuza ngomfazi, wathi, "Ke, Mzalwana uBranham," omnye wathi, "A—a—Andizinxibi ezo zimfutshane." Wathi, "Ndinxiba iibhulukhwe zabafazi."

24 Ndathi, "Oko kubi ngakumbi." Uh! "Wathi uThixo, 'Lisikizi,' emehlweni akhe, 'ukuba umfazi anxibe ingubo yendoda.'" Injalo kanye loo nto.

Omnye wathi, "Ke, abazenzi ezinye iimpahla."

"Basabenza oomatshini bokuthunga kwaye banawo amalaphu."

25 Akukho sizathu. Yinto nje esentliziyweni. Yiloo nto ebonisayo ngaphandle. Yona i—iyazichaza.

26 Kwaye ngoku sifumanisa, kulo mzi, sibolile ngokuziphatha. Abashumayeli babesoyika ukuthetha nantoni na ngaloo nto. Kwaye, kodwa babenomncinane, lo mfo mdala mncinane enyuka endulini, wayesiza kubaxelela, ITSHO INKOSI, "Cocani le nto, okanye niya kuya ekuthinjweni." Kwaye waphila ukuze abone imihla yesiprofeto sakhe izaliseka. Waprofeta ngemihla kaYarobheham weSibini, owayengogxothiweyo, nakanjani na; yena—wazithandela ezinye iintlanga. Kwaye—kwaye lo Amos omncinane waprofeta waza wabaxelela, wathi, "Kwaloo Thixo nibanga ukuba niyamkhonza, Uyakunitshabalalisa." Kwaye Wayenza.

27 Kwaye ukuba ilizwi lakhe beliya kuba lapha ngobubusuku, kwi. . .eBirmingham, beliyakubanga into enye emabandleni. "Kwaloo Thixo nibanga ukuba nimkhonzile, uyakunitshabalalisa ngenye imini." Andithethi naba baphulaphuli apha. Ezi teyiphu zijikeleza ihlabathi. Ngoku, khumbulani, yinyaniso leyo.

28 Ngoko wafumanisa, akungena kuwo umzi, ukuba yena. . .yonke le nto, andiyazi ukuba wayeziva njani ukuba akhangele kwaye abone okwakubola kwabantu bakaThixo, awayethunyelwe kubo.

29 Andazi ukuba besiza kumamkela na ngoku? Ukuba ebenokungena, ingaba besiya—ingaba besiya kusebenzisana naye? Ingaba besiyakumnika okungcono—kwethu? Ingaba besiya kunikela ingqalelo yethu kuye? Ingaba besiya kuguquka ukuba ebesixelele ukuba masibuyele eLizwini leNkosi size senze ngendlela eyathi masenze ngayo iNkosi?

30 Andiyazi oodade bethu bangenza ntoni ngeenwele zabo ezinqothuliweyo? Ingaba babenokuziyeka iinwele zabo zikhule kwakhona, ukuba u-Amos wayenokuza? Ubeya kuyishumayela, kwaye ndiyanixelela loo nto, ngokuba liLizwi leNkosi elo.

31 A—andiyazi ukuba ibhodi zethu—ukuba ibhodi zethu ezibeke amadikoni, litshatile amatyeli amathathu okanye amane, kwaye—kwaye njalo njalo, kwaye ndizama ukuba ngamadikoni, ndiyamangaliswa ukuba zonke ezi zinto, Andazi nokuba angenza ntoni na endodeni enokuthi ivumele inkosikazi yayo inxibe ezimfutshane ize iphumele esitratweni phaya phandle, kwaye ichebe iyadi, phandle eyadini, xa indoda igqitha? Andiyazi ebezothini emntwini onjeya?

32 Ngokuqinisekileyo wayeya kuyiqhushumbisa ngako konke okwakungaphakathi kuye, kuba wayeno-ITSHO INKOSI, kwaye wayengenakwenza enye into kuphela okuya. Wabafumana ngaloo mhla benemeko embi yesigulo, isigulo sokulibala ngokwasemoyeni, kwaye yiloo nto kanye esinayo namhlanje.

33 Ngoku, wayesazi njani into eyayiza kwenzeka? Wayeza kwazi njani u-Amosi? Okokuqala, wayengumprofeti. Kwaye,

into elandelayo, wayesazi ngesifo ukuba uxilongo lwaluyintoni na, kwaye wayeyakuzazi ukuba zaziyintoni na iziphumo.

34 Ukuba ugqirha ujonga uhlobo lomhlaza aze abone ukuba loo nto imbi yenzekile, uyazi ukuba akukho nto kuphela kukufa okuseleyo. Kuphelele apho, ngaphandle kokuba uThixo enze into malunga nayo.

35 Ke, xana ujonga umzi, kwaye ujonge ebantwini, ujonge ebandleni, kwaye ujonge ebantwini abakude kakhulu kuThixo, akukho nto ngaphandle kokuxilongwa kodwa, "Isono! 'Yaye umvuzo wesono kukufa.' Iyafa." Uxilongo lungqina ukuba yintoni na. Uyabona, xa abantu bemka kuThixo baze bangaliphulaphuli iLizwi, bengasenamnqweno weLizwi, ngoko kukho uxilongo olunye kulo, "'Umphefumlo owonayo, kuya kufa loo mphefumlo.' Ukungakholwa kuya kukwahlukanisa noThixo." Injalo kanye loo nto.

36 Oko, wayesazi ukuba siyintoni na isigulo, zaziyintoni na iziphumo, xa wabona isigulo sesono—sesono emzini.

37 Ngoku, esi sigulo sokulibala, sixelelwa ukuba siyi—i—i . . . kukubangela ukuba ube kwindawo ongakwaziyo ukuzazisa kuyo. Ngoku, yinto engaqhelekanga. Ayisoloko isenzeka, kodwa oonobangela kusukela kumothuko. Ngomntu ongazaziyo nokuba ungubani. Uyifumana kwiimfazwe, ngamanye amaxesha, amajoni ayayifumana. Ngamanye amaxesha abantu bayayifumana. Enye into ebangela yona, kukuxhalaba. Ixhala liya kuyibangela.

38 Ukuxhalaba akunasidima kuko, konke konke. Ehe, nje—nje—nje yeka ukuxhalaba, kwaye wamnkele ukholo.

39 Umntu othile wathi, "Ke, ngoku, kuthekani ukuba uza kudutyulwa kusasa, ngaba ubungayi kuba naxhala?"

Ndathi, "Hayi, andicingi njalo."

"Ngoba?"

Ndathi, "Ixhala alinakwenza nto ngaphandle kokundenza ndibe mandundu."

"Ke, yintoni eyakunceda ukuba ube nokholo?"

Ndathi, "Lusenokundihlangula." Kwaye kunjalo, yabona.

40 Ke ixhala alinasidima kulo, konke konke, kodwa ukholo lunaso sonke isidima. Kholwa!

Ngoku ixhala ngelinye ixesha liyasibangela.

41 Kwaye enye into ebangela sona phakathi kwabantu, kukungena phakathi kweembono ezimbini. Oko kuya kubangela isigulo sokulibala. Kwaye ikubeka kwindawo apho wena—wena, eneneni, into oyenzileyo, ulahlekelwe zizizathu zakho. Ulahlekelwe yingqondo yakho. Awukwazi ukwenza . . . Awuzazi ukuba ungubani. Awunako ukuzazisa. Ungahamba-hamba, utye nayo yonke into, kodwa, wena, awukakwazi ukuzazisa.

Unayo imfundo yakho yesifundiswa, unako. . . imfundo efanayo owawunayo, kodwa awazi ukuba ivela phi, awuzazi ukuba ungubani na, ungowaphi na. Eso sisigulo sokulibala, ngoko sixelelwe.

42 Sibandakanywa neentsapho zethu, kobu bomi bomntu, ngomtshato. Kwaye kunye nabafazi bethu, siyatshata, kwaye usapho lwethu luqondakalaliswe ngomanyano lowethu—wethu—wethu umtshato. Kwaye ke, ukuba ucinge ntoni, kungathini ukuba le nto yoyikekayo inokwenzeka kuwe kwaye ubungayi kwazi ukukhumbula ngubani owamtshatayo, ungubani na umkakho, ngabaphi abantwana bakho, ngubani utata nomama wakho, ngubani ummelwana wakho? Oko kuya kuba yi—yinto eyoyikekayo.

43 Emva koko siyabandakanywa, kwakhona, sinokuzazisa kuhlanga loluntu, ngokuba nobukrelekrele no—nokwahluka kubomi besilwanyana. Isilwanyana asikwazi ukucinga, sihamba nje ngezandi. Asinawo umphefumlo. Kwaye, kodwa, sibubomi besilwanyana. Yintoni eyenza sahluke. . . Sisilwanyana esanyisayo, kodwa yintoni. . . Eso silwanyana sanyisayo sisilwanyana esinegazi elishushu, yaye thina sikuhlobo lwesilwanyana. Kodwa yintoni esenza sahluke, sibonwa ngokuba nomphefumlo, isazela esisixelela okulungileyo nokubi.

44 Ngoku kukho indawo, xa ufumene esi sigulo sokulibala, unokuba njengoNebhukadenetsare, yayisiso, owaziphakamisa ngaxesha lithile, waza uThixo wamenza ukuba acinge ukuba wayesisilwanyana. Kwaye wayehlala phandle entlango kwaye—kwaye esidla utyani njengenkomo. Kwaye—kwaye ezakhe—ezakhe iinwele zakhula zehla ngomzimba wakhe, njengeentsiba zokhozi, kwaye yasuka yaba yintliziyo yerhamncwa kuye. Yabona? Eso yayisisigulo sokulibala, kuba wayelibele ukuba wayengukumkani. Wayelibele ukuba wayengumntu nokuba ngumntu. Kwaye wacinga ukuba wayesisilwanyana, ngoko wenza njengesilwanyana, ngokuba wayelibele ukuba wayengumntu.

45 Kulula kakhulu oko, namhlanje. Kwaye siyalibala, ngamanye amaxesha, ukuba liyintoni na iBandla lobuKristu. Senza njengehlabathi. Oko kubonisa ukuba sinesigulo sokulibala ngokwasemoyeni, ngokuba awuziphathi njengomKristu. Wenza njengehlabathi. Ufumana intliziyo yehlabathi, kwaye ibangela oku.

46 Apha si—sifumanisa ukuba uSirayeli wayezibhencile, wabhenceka ehlabathini, kwaye wawela kulo msele. Kwaye lo mprofeti wayethunywe ukuba abembe baphume kuwo, ukuba wayenako, aze abaxelele. UThixo, ngobabalo Lwakhe, wanyula uSirayeli kuyo yonke eminye imizalwana emhlabeni. Ubabalo lwalukwenzile oko. Wayebanike imihlaba ekhethekileyo. Wabanika izindlu ekungazange kwafuneka ukuba bazakhe.

UThixo wakwenza oko, wabanyula. Wabanika iifama abangazange bazithenga. Wa—Wabanika, Wabanika ukutya abangazange bakutyala. Wabanika amaqula abangazange bawembe. Wabanika uloyiso abangazange baluphumelele. Wabanika ubabalo abangazange balufanele. UThixo wakwenza oko ngobabalo Lwakhe ngenxa yaba bantu, uSirayeli, abanyulwa Bakhe, intanda Zakhe.

47 Kwaye wathi, eBhayibhileni, "Wamfumana endle, njengentombazana encinci ehleli egazini layo, waze Wamhlamba wamcoca, nento Awayenzayo. Kodwa emva kokuba uThixo ebonakalise zonke ezi nceba kuye, waza waba sisityebi," wafumana isigulo sokulibala, isigulo sokulibala, "waze walibala nokuba zivela phi zonke ezi zinto."

48 Ndicinga ukuba lowo ngumfanekiso wase U.S.A., ngowe-1964. Igula ngesigulo esikwasinye. Singamabandla amakhulu anamandla. Singabantu abakhulu, abanamandla. Sizizigidi ngenani, kwaye silibele ukuba ezi zinto zivela phi.

49 Babenemeko embi yaso. Emveni kokuba uThixo ebenzele okulungileyo, wabanyusa bephuma emazweni onke eentlanga, wabenza abantu abahlukileyo, wabahlulela kuYe. Wathi, "Wathabatha umdiliya kwelinye ilizwe, wawutyala kwelinye ilizwe, nendlela Awayilungisa ngayo ukuze ukhule isiqhamo kwaye uqhame, kodwa umdiliya walibala ukuba iintsikelelo zawo zivela phi na."

50 Ngokunjalo nabantu bakaThixo, kule mihla yokugqibela, balibele ukuba buthetha ntoni na ubungqina bokuba ngumKristu. Kwakhona, esi sigulo sokulibala siye saba phezu kwabantu. Abakwazi ukuzazisa.

51 Bona, balibele konke ngaYo. Babebulibele ubungcwele Bakhe. Babewulibele umthetho Wakhe. Abafazi babephila njengabanye abafazi.

52 IBandla likaThixo nabantu Bakhe belisoloko linjalo, "Abantu abahluliweyo, a—abantu ababiziweyo, abantu abayinqobo, uhlanga olungcwele, ububingeleli basebukhosini; banikela imibingelelo yoMoya kuThixo, iziqhamo zomlomo wabo, bedumisa igama Lakhe." UThixo walibiza iBandla Lakhe waza waLahlula kwihlabathi, ngenxa yaloo njongo kanye. Kwaye Walinika umthetho, kwaye Yena, Lona, Limelwe kukuba ngcwele. Wathi, "Mna ndingcwele, kwaye nani yibani ngcwele, kwaye ngaphandle kobungcwele akukho mntu uya kuyibona iNkosi." UThixo wayithetha loo nto, ngoKwakhe.

53 Kwaye Wayebabizele aba bantu ukuba babe lolu hlobo lwabantu, kodwa babelibele malunga nayo. Babeyilibele imithetho Yakhe, kwaye babezilibele ukuziphatha kwabo. Abafazi phandle esitratweni, abafazi bakwaSirayeli phaya phandle, ngamnye elindele u—ukuba akhawulwe ngoMoya

oyiNgcwele, ukuzisa uMesiya, baze emva koko benze ngolo hlobo. Isimilo sabo sasisibi.

54 Ndifuna ukuma apha umzuzu, ukuthi iyinto enye phakathi kwabantu bethu, namhlanje, abazibiza ngokuba bangamaKristu. Isimilo sabo, ukuba ubunokukhe nje uqaphele!

55 Ngesinye isihlandlo, eMazantsi. Ndafunda ibali elisuka apha ezantsi, apho xana babefudula beqhele ukuba namakhoboka. Babeya kuthabatha abo bantu babathengise emarikeni, njengokuba ubuya kwenza imoto esele isetyenzisiwe. Kwaye kwabakho umthengi, umrhwebi, owayeza kudlula athabathe la makhoboka aze awarhwebe, kwaye kanye njengokuba ubuya kwenza imoto okanye enye into.

56 Kwaye loo makhoboka ayekude nelizwe lawo. Ayesuka e-Afrika. AmaBhulu abaqweqwedisa, abazisa apha eziqithini, baze bawathubelezisa bawangenisa e-United States bawathengisela ukuba ngamakhoboka, besuka eJamaica najikelele.

57 Ngoku sifumanisa ukuba abo bantu babelusizi. Babeqweqwediswe ukusuka kwikhaya labo. Babekhutshiwe lutshaba, yaye babedakumbile. Babengasayi kuphinda babone umyeni wabo, okanye umfazi wabo kwakhona, uyise nonina wabo, abantwana babo. Bona ngokwenene. . .Kwakufuneka bababhexeshe, ngezabhokhwe, ukuze basebenze, kuba babengabantu abadakumbileyo.

58 Kwaye ngenye imini, umrhwebi weza ngakwintsimi ethile, wabona iqela lamakhoboka phandle lisebenza. Kwaye yena—yena wangena wabuza umniniwo, wathi, “Mangaphi amakhoboka onawo?”

Wathi, “Malunga nekhulu.”

Wathi, “Unalo naliphi onokuthi ulitshintshise okanye ulithengise?”

Wathi, “Ewe.”

Wathi, “Makhe ndiwajonge.”

59 Waza waphuma waya entsimini wawabukela, wawabona ukuba afanele ukubhexeshwa. Kwaye emva kwethuba, wabona omnye umfana ekungafuneki ukuba bambhexeshe. Wayekhuphe isifuba sakhe kwaye isilevu sakhe siphezulu; kwakungeyomfuneko ukuba bambethe. Ngoko umthengisi wathi, “Ndingathanda ukuthenga ela khoboka.”

Waze wathi, “Kodwa alithengiswa.”

60 Wathi, “Ke, yintoni umahluko wela khoboka?” Wathi, “Ingaba ela khoboka ngumphathi phezu kwawo onke amanye?”

Wathi, “Hayi, ulikhoboka nje.”

Wathi, “Ke, mhlawumbi ulondla ngendlela eyahlukileyo.”

Wathi, "Hayi, lityela ekitshini kunye namanye amakhoboka."

61 Wathi, "Ke, yintoni elenza lahluke kangaka kwamanye amakhoboka?"

62 Wathi, "Ke, le nto ndiye ndazibuza yona, nam, ixesha elide. Kodwa ngenye imini ndaye ndafumanisa, ukuba, ngaphaya kwilizwe eliphuma kulo, uyise uyikumkani yesizwe siphela. Kwaye nangona engowasemzini, kwaye ekude nekhaya, kodwa uyazi ukuba ungunyana wekumkani, kwaye lona—lona liziphatha njengonyana wekumkani."

63 Ndacinga, "Kodwa, okokuba, ukuba iNegro elivela e-Afrika, kwaye wayesazi ukuba uyise wayeyindoda yohlanga nekumkani phezu kohlanga, kufanele yenze ntoni kumKristu ozelwe ngokutsha, indoda okanye umfazi, ukuba uBawo wethu unguKumkani weZulu eLuzukweni!" Sifanele siziphathe njengamadoda nabafazi angamaKristu. Sifanele senze njengawo, sinxibe njengawo, sithethe ngawo, siphile njengawo. Nakuba singabasemzini, kodwa singabantwana boKumkani. Amen.

64 Isimilo sethu, ukudimazeka kwethu kule mihla siphila kuyo ngoku! USirayeli wawela kulo msele ufanayo kwaye kananjalo wayeziphethe kakubi. Babeyilibele imithetho kaThixo, "Uze ungakrexezi, uze ungamnqweneli umfazi wommelwane wakho," kwaye nakanjalo. Babeyilibele loo mithetho. Bona—bona—babengasayifuni kwakhona. Kwaye ba—babefuna uku—ukubanjengehlabathi liphela, kanye njengokuba ibandla lifike apho namhlanje.

65 Ngaxa lithile, uSirayeli, ekuqaliseni kwakhe, wayefuna ukuba nekumkani phezu kwakhe. USamuweli wabaxelela, umprofeti lowo wayethunywe kubo, wathi, "Ngoku ingaba ndakhe ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi ngaphandle kwento eyenzekayo?"

Bathi, "Hayi, awuzange."

66 "Ndakhe ndanicela ukutya nemali, nemali yenu, nayo, ukuze ndibenakho ukuphila?"

67 "Hayi, awuzange uyenze loo nto. Awuzange usixelele nto, Samuweli, kuphela koko kwenzekayo. Kwaye awuzange usicele imali yethu, ukuze uphile. Kodwa, nangoko, sifuna ikumkani, nakanjani na."

68 Wathi uThixo kuSamuweli, "Bavumele bamfumane. Abalanga wena; Bale Mna."

69 USirayeli wayekwimeko efanayo ngoku. Babengabafuni abaprofeti bakaThixo kwakhona. Babengabadingi. Kwaye ukuba omnye unokuza, abazisele iLizwi, aze azame ukubabuyisela eLizwini, bayakulala Lona. Bahlala beyenza loo nto, ngolo hlobo lokonakala.

70 Xana ihlabathi nebandla lizimanya kunye, ngoko abafuni nto yokomoya. Abafuni ITSHO INKOSI. Bafuna oko bakufunayo. Bafuna ihlabathi, kwaye bathi bangamaKristu; kwaye baphile ehlabathini, kwaye baphile nehlabathi, kwaye baphile njengehlabathi, kwaye basasigcinile isivumo sabo sokuba ngumKristu. Uyazi, into eyiyo, sisigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Yiloo nto kanye eyiyo. Abazazi ukuba bangoobani. Balibele ukuba yintoni ekufanele bayenze.

71 Ukuba omnye unokuza namhlanje, ngoluya uhlobo, ibingaliwa ngokufanayo. Babenemeko embi yaso, kwaye banjalo nanamhlanje. Babengenako ukuzibandakanya nezinto zamandla angaphezu kwendalo, kwakhona, ngokuba babengayifuni. ILizwi, iVangeli, babengaLifuni. Isigulo sesono sasibathwaxile, yaye babekuthanda oko.

72 Isono siyathandeka kwintliziyo engaguqukanga. Sikhangeleka sisihle kwingqondo engaguqukanga, kodwa yindlela yokufa. Akukho nto iseleyo ngaphandle kokufa. "Umvuzo wesono kukufa," kwaye kumele uvune yona imivuzo. Uhlwayele emoyeni, kwaye ngoku uvuna isaqhwithi.

73 Imiqondiso yomoya kunye nentshumayelo yomthunywa omiselweyo ovela kuThixo, ayizange ibe saphinda ibavuse. Abafazi babenokuhleka kanye ebusweni babo, bathi, "Akufuneki ndihambe ndive into enjalo." Ukuba oko akuphindanga kwakhona! Ingaba yintoni? Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni, kanye into esiyiyo. Balibele ukuba uThixo neLizwi Lakhe bayinto enye, kwaye akanakuLiguqula.

74 Ukuba umprofeti wavela embonisweni ngaloo mihla waze wanikeza umqondiso womoya, ilizwi lomoya, waze wanikeza ilizwi likaThixo emva kwawo, babeya kuLihleka kuphela baze bahlekise ngaLo.

75 Uyayazi intetho yakudala, "Izidenge ziya kuhamba ngezihlangu ezinezikhonkwane kumphantsi apho iiNgelosi zoyika ukunyathela." Oko koko esi sigulo sokulibala ngokwasemoyeni esikwenzayo. Yenza ukuba abantu bafikelele kwindawo apho bangenamvakalelo ngaphakathi kubo. Abafuni nto yokomoya.

76 Thatha umhlangano wenene womoya, apho uMoya oyiNgcwele uphilisa abagulayo kwaye ecalula iingcingane ezisentliziyweni, uyibeke phakathi kwawo onke amabandla, indibano enkulu nje apha kweli bala lemidlalo, kwaye khangela ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Kwimizuzu embalwa, wonke umntu uya kusukuma aphume. Abananto yakwenza nayo. Abafuni nto yakwenza nayo. Baya kuphulaphula kwintetho ethile yobukrelekrele.

77 Kodwa xa kufikwa kuMandla kaYesu Kristu, novuko Lwakhe, noMoya oyiNgcwele, abafuni kwanto yakwenza naLo, ngokuba liyabagweba. Ibenza bavuthe ngento abafanele

ukuyazi. Kakade ke, akukho sohlwayo, simnandi ngelo xesha. Kodwa, yona, ukuba uyakuzinikezela kuyo, yona—yona izisa iziqhamo zenguquko. Ke sifumanisa, xana esi sigulo sokulibala ngokwasemoyeni kufumana abantu, ngoko baba—babakwimeko embi. Ngoku sifumana okufanayo ngoku. Ngoku ndiyafuna uku . . .

78 Kufuneka ubandakanywe. Ngandlela ithile, kufuneka ubonise. Ubomi bakho buyabonisa, ngokuhlwanje, apho uthe wabandakanywa khona. Ubandakanywa kuKristu okanye ngaphandle koKristu. Awukho kwisiqingatha sendlela. Akhonto injalo njengomntu onxilileyo enganxilanga. Akukho ntaka imhlophe imnyama. Usindisiwe okanye akusindiswanga. Ungongcwele okanye umoni, enye okanye enye, kwaye isimo sakho somoya kwiLizwi likaThixo sikubonakalisa kanye apho umi khona. Injalo!

79 ILizwi likaThixo, lingqinelwe, laqondakalisa ukuba ubhaptizo loMoya oyiNgcwele luyinto nje ekwanye njengokuba kwakunjalo ngoMhla wePentekoste okanye naliphi na elinye ixesha. Kwaye uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaye isimilo sakho ngakulo Nto sibonakalisa ukuba unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni, okanye hayi. Injalo lonto. Akukhathaliseki nokuba ungumdikoni, okanye nokuba ungumshumayeli, ayenzi . . . Ehe, bayayifumana, nabo. Ke sifumanisa ukuba, iyosulela kwaye ibetha yonke into. Ngoku siyaqaphela.

80 Ngoku, ukuba ngumMelika. Ukuze ndibe ngumMelika, kufuneka ndibandakanywe nesizwe sam. Ngoku phulaphula ngenyameko. Ukuba ngumMelika, xa ndizalelwe apha kweli lizwe, ndiba ngummi, kwaye ndibandakanywe nesi sizwe. Konke esikuko, ndikuko. Yonke into ebesiyiyo, ndiyiyo. Kuba ndibandakanyiwe njengomMelika, ngoko ke kufuneka ndithabathe lonke ihlazo laso, lonke uzuko lwaso. Nokuba yintoni na, ndiyiyo, ngokuba ndibandakanywe naso. Amen. Ndifuna uyifumane. Ndibandakanyiwe njengommi waseMelika, ngoko konke okwakuyiyo, ndikuko. Konke okuyiyo, ndikuko. Kufuneka ndibe yinxalenye yayo. Ndine . . . ukuba ndingummi waseMelika, ndiyinxalenye yaseMelika. Kwaye konke okuyiyo, ndikuko.

81 Ndingaze ndiyilibale le nto. Ukuba ndifuna ukuhlala ndingummi wokwenyani waseMelika, kufuneka ndikhumbule ukuba ndiyilonto isizwe sam siyiyo, kuba ndibandakanywe nesizwe sam. Ukuyibala, okanye—okanye . . . Ukuyilwela, okanye ukuyifela, okanye ukumela konke ekumelayo, kufuneka ndiyimele. Into esiyiyo isizwe sam, ndiyiyo. Oko sikumelayo, ndiyayimela. Ukuba ngumMelika othembekileyo, ndiyakukulungela ukuyifela, ndiyilwele, ndiyimele, ndenze nantoni na ekhoyo. Ndiyinxalenye yayo. Awukwazi ukuchatha kuyo ngaphandle kokuchatha kum. Xa uthetha into echasene

nayo, uyitsho ngokuchasene nam, kuba ndingumMelika. Ukuyithetha ngokuchasene nawe, njengomMelika, kunye noko bakuthethayo ngokuchasene nesi sizwe, bakuthetha ngokuchasene nawe, ngokuba uyinxalenye naso. Ungaze uyilibale; xa uyenzile, ngoko unesigulo sokulibala, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo.

82 Kwaye, khumbula, awusengommi waseMelika xa ungenakuba yinxalenye yayo. Umelwe kukuba, oko iMelika ikuko, kufuneka ube kuko nawe. Ndimelwe kukuba lidlelane layo. Esi sisizwe sam, kufuneka ndibe lidlelane yaso. Into esiyiyo, ndiyiyo. Yabona, into eyayiyiyo, ndiyiyo. Nokuba yayiyintoni na, ndiseyile nto eyayiyiyo.

83 Ukuba ngumMelika, ndafikela ePlymouth Rock, kunye nayo, kunye noobawomkhulu. Bekufanele ndenze; ndiyinxalenye yakhe. Ndakhwela noPaul Revere, ukumlumkisa ngeengozi zakhe. Ukuba ndingummi wokwenyani waseMelika, ndafikela ePlymouth Rock. Ndakhwela noPaul Revere, ukumlumkisa ngengozi yakhe. Ngaba uyayazi ukuba ndithetha ukuthini ngoku?

84 Ndawela iDelaware enomkhenkce, kunye noGeorge Washington, namajoni akhe anganxibanga zihlangu. Ndandilapho, kuba ndibandakanywe nesi sizwe. Into awayeyenza phaya yayiyinxalenye yam, into endiyenzayo ngoku iyinxalenye yakhe. Ndabandakanywa kunye noWashington, eDelaware.

85 Ndema noStonewall Jackson, xa iingxaki zazinkulu ngokuchasene naye, kwaye babuza, “Ungama njani njengodonga lwamatye, xa iingxaki zichasene nawe?” Umfo omncinci onamehlo aluhlaza onentloni wakhaba olu thuli ngeebhutsi zakhe, wathi, “Andikhange ndiwasele amanzi de ndimbulele uThixo uSomandla ngawo.” Kufuneka ndime njengodonga lwamatye kunye naye. Ndema phaya noStonewall Jackson. Ukuba ngumMelika, ndibandakanywe naye kunye nokuma kwakhe. Ukuwela iDelaware’s! Ukulwa amadabi!

86 Ndiphakamise iflegi. Ndandikunye nabo xa babephakamisa iflegi eGuam. Emva kwamawaka amajoni aseMelika anikezela ngobomi bawo, naxana ela qela lincinane phezulu phaya labaleka laya apho layijula phezulu iflegi, Ndabandakanywa ekuphakanyisweni kwaloo flegi; sonke sasinjalo. Bonke abemi baseMelika babandakanywa nala flegi ijinga phezu kweGuam. Ndathi ndakuva ukuba bayibekile la flegi phezulu, iinyembezi zehla ezidleleni zam. Yayindim lowo. Yayinguwe lowo. Oko kwakuthetha thina sonke, xa sasibandakanywe apho kuloo nto.

87 Yonke into ayiyo, ndiyiyo. Lonke uzuko lwayo luzuko lwam. Lonke ihlazo layo lihlazo lam. Ukuba yathi yenza izinto eziziintloni, ngoko kuyakufuneka ndiyijonge. . . ndimele ukungcikiveka kwayo. Ukuba yamkela uzuko, ndamkela uzuko

kunye nayo, ngokuba ndibandakanywe kunye nayo. Ngoku, ukubandakanywa, umMelika umelwe kukuba amele lonke ihlazo laseMelika, lonke uzuko lwaseMelika, konke eyakhe yaba kuko. Yonke into eyiyo, okanye into eyakuba yiyo, ubandakanywe nayo.

88 Ngoku, ukuze ube ngumKristu wenene, kufuneka ube yinto enye. Asifuni ukuyilibala loo nto. Konke Awayekuko, ndibandakanywe naYe. Ndibandakanywe naYe.

89 Qaphela, kwaye Yena ukum, nam ndikuYe. Qaphela, ngoko, wonke umKristu ongumKristu wenene ngokwenene—UmKristu, wayekunye naYe, "Ekumemeleleni kunye kwamakhwezi okusa kwaye beduma oonyana bakaThixo ngovuyo, ngaphambi kokubakho ukusekwa kwehlabathi." Sabandakanywa kwimimango yokungafi kunye noThixo, kwizigidi ezilishumi zeminyaka phambi kokuba ihlabathi lisekwe. Ndandilapho emva kunye naYe. Ukuba ndinoBomi obunguNaphakade, ndandilapho kunye naYe. Ndabandakanywa kunye naYe, "Ekumemeleleni kunye kwamakhwezi okusa, kwaye beduma oonyana bakaThixo."

90 Ndandikunye naYe xa Wabiza u-Abraham kwiminyaka yobudala ba—bamashumi asixhenxe anesihlanu ubudala, nomkakhe emashumi mathandathu anantlanu, waza wamxelela ukuba baza kuba nomntwana. Ndandikunye naye xa wema phezu kuka-ITSHO INKOSI, "Ndiza kuba nosana." Ndema naye. Wonke omnye umKristu wema naye. Ndandikunye naye xa kufika izilingo zakhe. Ndandikunye naye xa wenyukela encotsheni yentaba, esiya kunikela ngo Isake. Ndandikunye naye xana inkunzi yegusha yavelayo.

91 Ndandikunye noYosefu xa wayesaliwa ngabantwakwabo, ngokuba wayengowomoya kwaye bonke abanye babengabenyama. Ndandikunye naye ngethuba esazi ingcikivo awayemele ayifumane ngokuma kwicala labantakwabo. Into awayeyiyo, ndiyiyo. Into endiyiyo, wayeyiyo. "Kuba sonke sibanye kuKristu Yesu." Ndandikunye noYosefu emqolombeni wakhe, engcwabeni. Ndandikunye naye xa waya ngasekunene kukaFaro. Kwakufuneka ubandakanywe kunye naye.

92 Ndandikunye noYakobi ngoba busuku xa wayejijisana ubusuku bonke neNgelosi. Ndiye ndajijisana, ngokwam. Ndiyayazi into awadlula kuyo. Ke ndazamana noYakobi ngelo xesha linye wenzayo, ngokuba ndingumzalwana wakhe.

93 Ndandikunye noMoses xa wehlayo esiya eYiputa. NdandinoMoses kwityholo elivuthayo. Ukuba ungumKristu, unxulunyaniswa nabo balinganiswa beBhayibhile. Musa ukuyilibala! NdandinoMoses xa bonke abantu bemjikelayo. Ndandikunye noMoses xa wayewela uLwandle oluBomvu. Wathi xa ephakamisa isandla sakhe waya phambili, lwaza

uLwandle oluBomvu lwavuleka, Ndabandakanywa kuKristu kanye ngoko, kwaye ndandikunye noMoses ngaloo yure.

94 Nantoni na amaKristu ebeyiyo, nantoni abekhe angawo amakholwa, lonke ikholwa ngoku libandakanywe naloo mntu mnye. Nantoni na eyiyiyo, kufuneka ubandakanywe. Musa ukuyilibala loo nto. Xana usenza njalo, unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni; uzilibele ukuba ungubani na.

95 Ngoku ndabandakanywa kunye naye, kunye noMoses, ekuweleni kwakhe ulwandle.

96 Ndandikunye no-Eliya ngemihla ka-Ahabhi, xa kwakufuneka benze ukhetho ngubani ababeyakumkhonza, uThixo okanye uBhileham. Sasikunye naye kwiNtaba yeKarmele, xa kwafuneka enze olu khetho, kuba sibandakanywe kuMzimba waloo Thixo ukwamnye owayebandakanywe kuwo. Ke ukuba sibandakanywe kula Mzimba, emva koko kufuneka sikhumbule ukuba sasilapho kunye naye. Injalo lo nto.

97 Ngoku, ndandikunye noDavide, xa waliwayo ngabantwakwabo. Ndandikunye noDavide; wawunaye, nawe, ukuba ungumKristu. Kufuneka ubandakanywe ekwaliweni kwakhe.

98 Ndandikunye nabantwana bamaHebhere, kwiziko lomlilo, xana u—umlilo ungazange ubenakho ukubatshisa ngenxa yoBukho boMntu wesine.

99 Ndandikunye noDaniyeli, emhadini weengonyama. Ndabandakanywa phaya, xa iNgelosi yeNkosi yamazisa phaya.

100 Ngokuqinisekileyo ndandikunye naYe eKhalvari. Ndimelwe kukuqondakalaliswa naYe eKhalvari. Ndimelwe kukuba ndibe phaya kwindawo, apho, apho ndandingabandakanywanga kananjalo nam naYe eKhalvari, ndafa naYe eKhalvari. Wonke umKristu kufuneka afe kunye naYe eKhalvari. Ukuba awufi kunye naYe eKhalvari, awunakuba ngoWakhe. Ndandiphaya xana Yena wafayo. Ndafa kunye naYe. Ndaze emva koko ndandinaYe ekuvukeni kwakhe kwabafileyo. Ndavuka ngentsasa yePasika kunye naYe, eluvukweni. Nantoni na Awayenzayo, ndandilapho kanye kunye naYe; lonke ikholwa laliyinto enye.

101 Ngoku ke ndihleli kunye naYe kwezaseMazulwini iiNdawo, ndikuKristu Yesu, nawo onke amandla esihogo oyisiwe, ngaYe. Lonke ikholwa elingumKristu lalihleli ngendlela enye, kuba umelwe kukuba ubandakanywe.

102 Ngoku ndizifumana, kule mihla yokugqibela, kunye namaninzi amaKristu akholwayo, sibandakanywe kulungiselelo Lwakhe. "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Ndizifumana, kulo mhla, ndibandakanyiwe kulungiselelo Lwakhe. Ingaba uzifumana ngolo hlobo, uyikholelwa, uhamba nayo? Qaphela, imisebenzi Awayenzayo, Wathi ikholwa

liyakwenza kwaloo nto inye. "Imisebenzi endiyenzayo mna niyakuyenza nani." Ngoko ungabandakanywa naYe? Ngoko xa ingcikivo ifika kwiLizwi, ungamelana nengcikivo njengokuba Wenzayo, yabona, ubandakanywe naYe? Ndabandakanywa kunye naYe.

103 Ndandikunye naYe ngoMhla wePentekoste. Ndandikunye nabafundi phezulu phaya, ndibandakanywe nabo kubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

104 Ndiyazibuza ukuba ingaba ibandla alinaso isigulo sokulibala kangako ngoku kangangokuba aba, abanye babo, abakholelwa nokukholelwa ukuba kukho into efana noMoya oyiNgcwele. Yabona apho ibandla lifike khona? Ingxaki embi kakhulu yesigulo sokulibala! Yabona, balibele ukuba yayinguYesu Kristu emva phaya. Bayilibele into awayeyiyo uYesu Kristu. Balibele. Babecinga ukuba nje Wayengu—umenzi-mthetho, okanye umprofeti, okanye i—indoda elungileyo. Bamlibala ukuba unguThixo. Balibala ukuba usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaye ibandla linemeko embi yeamnesia yokomoya. Bazilibele zonke ezi zinto. AbaYiqondi kwakhona.

105 Simelwe kukuba kunye nabafundi ngePentekoste, sibandakanywe kunye nabo. Ndabandakanywa nentshumayelo kaPetros ngoMhla wePentekoste, kwiZenzo isahluko se-2. Ndayiva into awayithethayo. Ndiyayikholelwa into ayithethileyo. Ndathobela oko wayekuthetha. Ngoku ndibandakanywe kwinto enye.

106 Musa ukufumana isigulo sokulibala ngokomoya. Kuba, uyakwenza, uyakuzibandakanya kunye nenye into engenye. Hlala kanye nelaa Lizwi!

107 Sasikunye neBandla xa laligunyaziswa nguYesu Kristu, kwiZenzo, isahluko se-16. "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo." Ndifuna ukubandakanywa phaya, "Ehlabathini lonke, kuyo yonke indalo." "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo," inokubandakanywa kuloo nto.

108 Ke, ngoku, ngaba ubandakanyiwe naloo nto, okanye unesigulo sokulibala ngokomoya, ukuba ufumanise ukuba anikholwa ukuba loo miqondiso ilandela amakholwa? Yabona, ukuba awuyikholelwa, ngoko unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni, yabona, ulibele ukuba uThixo wakuthembisa oko. Wathi, "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo." Musa ukuyilibala. Awunakuyilibala kwaye ube ngumKristu. Kufuneka ubandakanywe nayo.

109 Umelwe kukuba ubandakanywe noYohane oNgcwele isahluko se-14, umqolo we-12. "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye." Musa ukuyilibala. Ukuba wenza njalo, ngoko unesigulo sokulibala

ngokwasemoyeni. Uzilibele ukuba ungubani na. Ulibele ukuba ubungqina bakho buthetha ntoni na.

110 Malunga naphi, Wathi, "Ukuba nithe nahlala kum, neLizwi lam likuni, ningacela into enisukuba niyithanda niyakuyenzelwa"? Ingaba ubandakanyiwe apho, ukuze ukholwe ukuba yiNyaniso leyo? UMarko 11, xana Wathi, "Ukuba nithe kule ntaba, 'funquka, ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa kholwa ukuba oko ukuthethileyo kuyakwenzeka, ungayifumana le nto uyithethileyo." Ungabandakanywa na phaya, ukuze ukholwe ukuba yiNyaniso leyo? Ukuba ayenzanga njalo, ngoko ufumana isigulo sokulibala ngokwasemoyeni.

111 Kwaye—kwaye uyalibala, uphulukana nokuma ngokuzinzileyo kwakho kobuKristu. Awukwazi ukuxelela apho ukhoyo. Uthi, "NdingumWisile. NdingumBhaptizi. Yilonto endiyaziyo malunga nayo. NdingumPentekoste. Ndi*yile*, *leya*, okanye *enye*." Lumka! Oko kusenokuthetha ukuba uphawu lwesifo luyabonakala kuwe, lokokuba unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni.

112 Uthi, "Ke, Mzalwana uBranham, ndi—ndikholwa *oku*, kwaye a—andifuni . . . " Ngoku linda nje umzuzu. Ukuba uThixo wathembisa ukuzenza ezi zinto, kwaye wathi ziyakubakho ngemihla yokugqibela, kwaye umgaqo wakho uyakukuvimbela kuyo, olo luphawu oluhle endingabona uphawu lwesifo kuwe. Sisigulo sokulibala ngokomoya. Ulibele ukuzibandakanya neLizwi.

113 Uthi, "Andikholelwa ukuba abagulayo bayaphiliswa." Unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni.

114 Uthi, "Andikholelwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele." Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni!

115 Uthi, "A—andikholelwa ukuba uThixo uthembise ukwenza ezi zinto ngemihla yokugqibela." Ngoko uye waphulaphula kumgaqo, okanye imfundiso ethile, endaweni yeBhayibhile. unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Awuzazi ukuba ungowaphi ngoko. Uyavuma, "umKristu," kwaye ulikhanyela iLizwi. Ikubuyisela kanye kanye emva kwisigulo sokulibala ngokwasemoyeni kwakhona, yabona, akuyazi apho ume khona. Unesigulo sokulibala ngokomoya. Awunako ukuzazisa ngeZibhalo.

116 Kufuneka ube kunye nabafundi. Umelwe kukuba ube kunye naso sonke iSibhalo, kunye neBandla xa liyalelwa. Kodwa, ngoku, xa iBandla layalelwayo, "Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli; le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo," yayingumyalelo walo. Ngoku banawo . . . Yayingumyalelo.

117 Kodwa baye bafumana imeko embi yesi sigulo sokulibala ngokomoya, kanye njengokuba u-Eva wangena kwi . . . kweyakhe, ejikeleze umyezo, ngenye imini. Ngoku

linjengoSirayeli, ephethwe sesi sifo sinye, okwaliwayo ngumzimba okuvela kwisidlo sesikolo sakwalizwi esiya kukunika isigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Fumana ukutya kwesikolo sakwalizwi, kwaye uyakufumana okwaliwayo ngumzimba, kuze emva koko, into yokuqala oyaziyo, uyakufumana isigulo sokulibala esibi kakhulu. Awukholelwa nantoni na ethethwa yiBhayibhile.

118 Oko koko kuyingxaki ngebandla namhlanje. Oko koko kuyingxaki esingenako ukuba nayo imvuselelo namhlanje. Oko koko kuyingxaki ebantwini namhlanje. Baye barhuqwa kakhulu phezu kwamalahle ayo yonke into, kwaye yonke i-ism enokuthi iqanduselwe, bade bangayazi into elungileyo nengalunganga. Ngokuchanekileyo. Akanakuyikhumbula iNkosi yakhe. Akanakulikhumbula iLizwi Lakhe. Akanakusikhumbula isithembiso.

119 Yayiyiloo nto kanye eyayiyingxaki kuSirayeli, ekufikeni kukaYesu embonisweni. Babengakwazi ukukhumbula ukuba, “Intombi enyulu iya kumitha.” Abazange bakhumbule ukuba uMoses wathi, “INkosi uThixo wenu iya kunivelisela umProfeti onjengaM.” Babenesigulo sokulibala ngokomoya.

120 Yiloo nto kanye ibandla elinayo namhlanje. Wathi, “Kuya kuthi ngemihla yokugqibela,” okokuba ezi zinto ziya kwenzeka, esizibona zisenzeka, kwaye ibandla lihleli nje lifile njengentsimbi yeshumi elinesibini. Ingaba yintoni? Isigulo sokulibala ngokomoya. Sizibiza ngePentekoste, kwaye asikwazi ukuzibandakanya, kwaye asinakuzazisa eLizwini xa Lishunyayelwa emandleni ovuko lukaKristu; kwaye Yena elapha phakathi kwethu, elenza, kwaye esenza kanye loo nto Wathi Liya kuyenza. Ngoko, qaphelani, inkqubo yethu yobuhlelo isifake kwisigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Siyabandezeleka. Asazi apho ukuba singabakuphi. Omnye uthabatha amaphepha akhe kw*eli* bandla aye kw*elinye* ibandla, kunye n*eli* bandla, na*le* ism na*laa* ism. Yabona?

121 Into esiyifunayo, kwakhona, ngomnye u-Amos oza kuza ekubonakaleni, no-ITSHO INKOSI. Ingaba besiya kumamkela? Malunga njengoko benzayo. Abazange bamamkele. Bebengayi kumamkela namhlanje. Wayengenako ukufikisa intloko yakhe kwindawo, kunzima, ukuba ashumayele. Ngoku, injalo kanye loo nto, ngokuba ibandla likhathazwa sesi sigulo sokulibala ngokwasemoyeni.

122 Ngoku, kutheni? UThixo uthembisile kule mihla yokugqibela, “Xa uNyana woMntu eya kutyhilwa,” ngokukaLuka, isahluko se-17, “kumqondiso owawusenzeka eSodom, wawuya kwenzeka kwakhona.” Kwaye abantu bayawubona usenziwa, kwaye abanye babo abawukholelwa. Bacinga ukuba lufundo-ngqondo. Bacinga ukuba ngumoya womtyholi. Ingaba yintoni? Bahlutshwa sisigulo sokulibala

ngokomoya. Yiloo nto kanye. Abanakuyiqonda iNkosi. "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Into Awayeyiyo ngoko, Uyiyo ngoku.

123 Kodwa, kwenzeke ntoni, asisenakuphinda nje sizibandakanye neLizwi kwakhona. Ngoba? Yena, akazi nokuba uyindawo yokuphumla na okanye ulibandla na. Akafuni kubizwa ngokuba yindawo yokuphumla, kwaye akanakubizwa ngokuba libandla; kuba, ukubizwa ngokuba libandla, kuyakumbandakanya noKristu. Oko kumnika isigulo sokulibala ngokomoya. Kwaye akafuni kubizwa ngokuba yindawo yokuphumla. Ngoko asilobandla lePentekoste, ibandla lamaWisile, ibandla lamaBhaptizi; yindawo yokuphumla yamaPentekoste, yindawo yokuphumla yamaWisile, yindawo yokuphuma yamaBhaptizi, kuba alinakubandakanywa neLizwi. Kwaye xa iLizwi lenziwe labonakalaliswa, abakakholwa kuLo. Sisifo, isigulo sokulibala ngokomoya. Abakwazi ukuzazisa; abazazi apho bangabakhona. Ilungile lo nto.

124 Kufana kanye nokuxutywa kwento. Njengoko bendisoloko ndisitsho, "Ndandisoloko ndicinga enye yezona zinto zibubudenge endakha ndazibona yayiyimeyile." Yabona, ingumxube. Yabona, unina wayeyimazi yehashe, utata wakhe wayeyidonki, kwaye ayiyazi nokuba yeyaphi na. Kwaye into yokuqala uyazi, u—u—u—ungayizalisa uze ufumane idonki, kwaye emva koko. . .okanye ufumana imeyile, kodwa imeyile ayinako ukuzizala kwakhona. Yabona, ayiyenzi. Awukwazi ukuyifundisa nanto. Inentloko elukhuni. Awusoze uxele nto. . . Unokuzibeka iindlebe ezinkulu ezinde. Kwaye iyakulinda kude kube lusuku olude lobomi bayo, kanye phambi kokuba ife, ukuze ikukhabe. Kuko konke. Ihlala ilindele ukuba kubekho into enokuyiqhushumbisa kuwe, ukuba inako.

125 Kwaye loo nto indibeka engqondweni yabaninzi ababizwa ngokuba ngamaKristu angumxube. Baye balixuba ibandla bade bafumana isifo sesigulo sokulibala ngokomoya. Abanakuphinda bavelise nto kwakhona.

126 Bathetha ngombona oxutyiweyo. Umbona oxutyiweyo awuyonto. Yeyona nto imbi owakhe wayibeka emlonyeni wakho, nantoni na exutyiweyo. Kungenxa yoko le nto kufuneka uthathe ezi zityalo zincinci izityalo ezincediswayo ukukhula, kunye nezinto ezixutyiweyo, kwaye uyitshize kwaye uyinyange kwaye ibe ngumntwana. Ngoba? Ngenxa yokuba azinakukwazi ukuthintela iirhorho kuyo.

127 Kodwa esokwenene, uhlobo oluzelwe ngokukuko, akunyanzelekanga ukuba ungafaka isibulali-zirhorho kuso. SinaMandla ngaphakathi kuso, okuthintela iirhorho kuso. Kuko oko okufunekayo ukugcina iirhorho zokungakholwa zingekho kweyenene neyokwenyaniso indoda enoMoya.

128 Thabatha imeyile endala, kwaye uye kuthetha nayo, uthi, "Yitsho, nkwenkwe, ndifuna wenze *oku*, *okuya*."

129 Iya kuhlala phaya, "Haw! Haw! Haw!" Ezo ndlebe zinkulu zisebenza zinyuka zisehla. Ndabona a—amaninzi amaKristu malunga nolo hlobo, kubizwa njalo.

130 Uthi, "UYesu Kristu ukwanguye izolo, nangonaphakade. Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo."

131 "Haw? Ndiyakholwa ukuba iintsuku zemimangaliso zidlulile. Haw? Haw? Haw?" Yabona, ayiyazi into eyikholelwayo. Ayazi nto. Ayazi apho ivela khona; ayiyazi apho iya khona. Inesigulo samahashe sokulibala. Ayazi apho ivela khona, kwaye ayinako ukuya phambili.

132 Kodwa ndiyaluthanda uhlobo oluzelwe ngokukuko. Owu, lulungile. Unokuthetha nalo. Liyayazi ukuba wayengubani utata walo, wayengubani umama walo, wayengubani utata omkhulu nomakhulu walo. Unamaphepha omnombo abonisa apho avela khona.

133 Kwaye ndiyamthanda umKristu onomnombo, onokubuyela emva eLizwini likaThixo, ukuya kumhla wePentekoste, baze bazibandakanye phaya nabangcwele, apho aMandla kaMoya oyiNgcwele afika phezu kwabo. Lowo nguKristu onomnombo. Uyayazi apho avela khona. Akabandakanywanga nomWisile, umBhaptizi, okanye nantoni na eyenye. Ubandakanywa eLizwini likaThixo. Uyazi kakuhle apho ami khona. IGazi lobukhosi likaYise liqukuqela kuye; iGazi likaYesu Kristu. Uyayazi into Eliyenzayo! Ukholwa lonke iLizwi. UThixo usebenza ngaye kwaye ayakuqinisekisa ngemiqondiso awathi Wathembisa iyakulandela. Akanaso isigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Uzelwe ngokukuko. Ndiyayithanda lo nto.

134 Kodwa ibandla namhlanje linemeko embi yesigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Aliyazi ukuba lelaphi. Lilibele konke ngaLo, lalibala zonke ezi zinto zilenza libe liBandla.

135 Yintoni eyasenza satyeba njengoko sinjalo? Ingenile kwindawo yaseLawodike kwakhona, ibuyele kulaa ndawo yobutyebi njengokuba wayenjalo uSirayeli. Xa lalihlwempuzekile kwaye kwafuneka lithembele kuThixo ngayo yonke into elalinokuyenza, yonke into elalinayo, lathembela kuThixo; ngoko ke uThixo wayekunye nalo, kwaye lalilelomoya, laqhubela phambili. Kodwa lakuba sisityebi, nantsi into eyenzekayo: izixeko zabo zakhiwa, kwaye abafazi babo baziphatha kakubi, amadoda abo ayivumela, abashumayeli babo bawuthoba umvalo, kwaye babagxeka abaprofeti. Kwaye olo luhlobo lwemeko abaye bangena kuyo. Into eyabangela oko, kukulibala apho zivela khona iintsikelelo.

136 Kwaye nina maWisile, nani maBhaptizi, nani maRhabe! Nina maWisile ningamkhumbula uJohn Wesley. Nina maBhaptizi! Kwaye uJohn Smith walila ngenxa yemicimbi

yabantu kwada kwanyanzeleka ukuba umfazi wakhe amkhokelele etafileni, amehlo akhe ayedumbile avaleka, ngenxa yokukhala nokuthandaza ubusuku bonke. Yintoni ingxaki?

137 UJohn Wesley watsho ukuba enye yezinto ezinkulu... Ndiyakholwa ukuba yayengomnye wooyise bamandulo bamaWisile wathi, "Ihlazo leentombi zebandla lamaWisile, yayikuqalisa ukuba ngokwehlabathi, babefaka imisesane emnweni wabo." Ebeza kuthini ngoku, benxibe ezimfutshane?

138 Kwenzeke ntoni? Isugulo sokulibala ngokwasemoyeni. Kanye okona kukuko, ulibale apho uvela khona. Unazo zonke ezi zinto ngenxa yobubele bukaThixo, ukulunga kwenziwe kuwe.

139 Ucinga ukuba yinto engaqhelekanga le? Kukunye ngqo noMoya kaYesu Kristu, isiprofetho. KwiSityhilelo, isahluko se-3, yathi, "Ngokuba uthi, 'Ndityebile, andiswele nto,' ube ungazi ukuba ulihlwempu, uyimfama, udwayinge, usizana, uhamba ze, yaye akukwazi oko" Yabona, akuyazi! Ingaba yintoni? Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Abayazi.

140 Amabandla anayo i—imali ngoku. Akukho bandla, phantse, elizweni, ihlelo, kuphela elixabisa izigidi ngokuphindwe ngezigidi zeedola. Ukwakha izigidi nezigidi zeedola kwizakhiwo nezinto, kwaye bashumayela ukuBuya kweNkosi kusondele. "'Ndityebile,' laze lathi, 'Andiswele nto.'" Abona bashumayeli bafundileyo babakhe baba nabo, bazi imfundiso yezakwalizwi engaphezulu kunokuba bakhe bazi. Kwaye banezona zakhiwo zikhulu, ezona ndawo zikhethiweyo zingcono esixekweni. Bafumana kwangoko kuyo nantoni na abafuna ukuyenza. Kwaye ke benza ntoni? Banesigulo sokulibala ngokomoya kwaye balibala ukuba yayinguThixo obenzele loo nto, kanye njengoSirayeli.

141 Kwaye iBhayibhile yaprofeta, uYesu Kristu wathumela ingelosi Yakhe kuYohane yaze yathi, esi sigaba sokugqibela sebandla siyakuba nesi sigulo sokulibala ngokomoya. Babenjalo "ludwayinge," khumbula. Bacinga ukuba bakhulu. Bacinga ukuba banento. Kodwa Wathi babe "lusizana, udwayinge, ihlwempu, imfama, uhamba ze, babe bengakwazi oko." Kwaye akukho ndlela yokubaxelela.

142 Ngoku, ukuba indoda ibilapha phandle esitratweni, ihlazekile, okanye umfazi, ehamba ze, esitratweni, imfama, eso ibiyakuba sisimo esilusizi ukuba kwesa simo. Kodwa ngoko ukuba babenengqondo ephilileyo, bezazi ukuba babengoobani na, ukuba babengabantu, kwaye bafanele ukunxiba iimpahla; ke, uphuma uye phaya; ba—bangabantu, ekumele ukuba babandakanywa nohlanga loluntu; kwaye ngaphandle phaya, "udwayinge, iintsizana, iimfama, nabahamba ze." Kwaye uya kuye, uthi, "Mzalwana, uhamba ze."

143 "Ngoku, apha! NdinguGqirha *Nje-na-nje*! Wena jonga umcimbi wakho. Ndithi kuni, ndingowe*Nje-na-nje*! *A*kunanto yakwenza, wena mqengqeleki ongcwele, ukuba undixelele nantoni na!" [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

144 Baxelele, "Akulunganga ukuba umntu enze oku, nokuba abantu benze izinto abazenzayo."

145 Kwaye baya kukwazisa ukuba umshumayeli wabo unengqondo ephangaleleyo. Yabona? Ingaba yintoni? Iyi, bayilibele imiyalelo yeNkosi uYesu. Ngoko Mvumele ehle enze imiqondiso nemimangaliso Awathi Uyakuyenza, abafuni kuyikholelwa loo nto. Sisigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Yabona, balibele! Kwaye bahamba ze, kwaye abayazi loo nto, abayiqondi.

146 Bacinga ukuba, "Kuba nje ndingowecawa, kuko kuphela okuyimfuneko." Owu, mzalwana, oko akuthethi ngakumbi kuThixo kunokuba yiMason okanye nantoni na eyenye, nayiphi na enye indawo yokuphumla. Ukuba ngowe cawa, oko akuthethi nto kuThixo.

147 Nifanele ukuba ngoonyana neentombi zikaThixo. Nimelwe kukuba nizalwe nguThixo, kwaye uThixo uliLizwi. Xana ndisiba yinxalenye katata, ndiba ngutata wam ndonke. Xana usiba yinxalenye kaThixo, uba nguThixo, ngokupheleleyo. ILizwi Lakhe lilonke, uyalikholwa lilonke.

Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni!

148 Kungathini ukuba ubungalazi igama lakho belingubani into elaliyiyo? Kwaye ukuba kunjalo, uyakuphuma kusapho oluhle, endithemba ukuba wenze njalo, ukuba uphuma kusapho olulungileyo lwabantu, kwaye kungathini ukuba ulibele igama losapho, kwaye uphume apha, uphile ngokuhlazekileyo? Bathi, "Ingaba igama lakho nguJones," okanye nokuba yintoni na. "Ke, andizazi ukuba bendingubani." Yabona? Kulungile, yabona, yinto embi kakhulu leyo, imeko eyoyikekayo ukungena kuyo.

149 Ke, kulapho kanye ibandla likhoyo. Lifanele ukuba likokumele uYesu Kristu. Kodwa likulibele oko, kuba lifumene, litofelwe kulo, imigaqo namahlelo, ukuba bamkele loo nto endaweni yeLizwi. "Kwaye bahamba ze, baziimfama, balusizi, kwaye abayazi loo nto," kwaye akukho ndlela yokubaxelela.

150 Ndisenokungaze ndibe seBirmingham kwakhona, kodwa eli lixesha elinye baya kuyiva. Yabona? Yabona? Kulungile. Mna nje. . .Andinaxanduva lanto ngaphandle kokuhlwayela iMbewu. UThixo uyayikhokelela Yona emhlabeni apho Imelwe kukuya khona.

151 Balibele, ewe, balilibele iLizwi ledinga. Balibele. USirayeli wayekolwa hlobo lwengxaki ekufikeni kukaYesu. Wayelibele. Bakhangela, owu, bathi bakholwa ukuba uMesiya uyeza. Kodwa wathi akufika uMesiya waZibonakalalisa ngeLizwi,

babenezithethe ezininzi kakhulu bade balenza iLizwi likaThixo lingasebenzi.

152 Kwaye uYesu wathembisa, kanye ngaphambi kokuphela kwexesha, "Njengokuba kwakunjalo eSodom, kuyakuba njalo." Kwaye iyakuqondakalaliswa, kwaye abantu bakwisithethe kakhulu bade balenza into engento idinga likaThixo, ngesithethe sabo. Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni! Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni yile nto kanye iyiyo. Yabona, bazilibele ezi zinto.

153 "Owu, ndingowa*le*. Nde—ndenze *oku*. Ndadanisa kuMoya. Ndenze *oku*." Ke, bethu, bethu, oko akunanto yakwenza nayo, nakanye.

154 Ungathini ukuba ngumKristu kwaye ukhanyele iLizwi? Awunakuyenza. UThixo uliLizwi. Ukuba iLizwi lingaphakathi kuwe, wena neLizwi niyinto enye. Yonke into iLizwi eliyiyo, uyiyo. Amen. Ukuba ndiphila kwesi sizukulwana, into le nxalenye yeLizwi ikuthembise esi sizukulwana, ndimelwe kukuba yiyo. Ukuba ndiyakuba ngumKristu, ndimelwe kukuba ndibandakanywe nako konke iBhayibhile ekushumayelayo nekumeleyo.

155 Haleluya! Uzakundibiza ngokuba ngumqengqeleki ongcwele, nakanjani na, kwaye ndiziva ndingowenkolo kakhulu ngoku. Ewe mhlekazi.

156 Ndimelwe kukuba ndibandakanywe nayo yonke into ebangwa yiBhayibhile. Kwaye Inika ibango, kwaye, ukuba andizange ndibethwe sesi sigulo salemihla sokulibala ngokwasemoyeni, Ndiyakubanjalo kwaye ndingabandakanywe naYo. Ukuba ndiyaYikhanyela, ngoko ndinesigulo sokulibala ngokomoya; kukho into eyenzekayo, Ndamkele umgaqo okanye imfundiso, okanye ibandla elithile okanye iqela lamadoda. "Andikwazi ukuyenza," xana kananjalo iLizwi lisiza kwaye liZichaze.

157 Yiyo loo nto uYesu engazange aziwe. "Owu," bathi, "kaloku, le ndoda ingcwele, kwaye umbingeleli wethu ongcwele, ungcwele wethu *oku*."

158 Kwaye wathi uYesu, "Nina ningaboyihlo, umtyholi, kwaye niya kuyenza imisebenzi yakhe."

159 Ubusazi na ukuba uKayin wenza idini elilungileyo, naye? Wayenyanisekile, wakha isibingelelo, waguqa phantsi waza wanqula, wanikela umbingelelo, wathandaza kuThixo. Kwaye ukuba, uThixo, oko kuko konke akufunayo uThixo, ukuze ube lilungu lebandla kwaye ube nesibingelelo, kwaye uhlawule izishumi zakho kwaye uye ecaweni, kwaye uphile ubomi obulungileyo; ukuba yiloo nto kuphela Ayifunayo, Wayengenabulungisa ukumgweba uKayin, kuba wenza kwa into enye. Ewe, mhlekazi. Yiloo nto ngqo.

160 Kodwa *inkolo* ithetha "isigqubuthelo," kwaye awukwazi ukugqubuthela ngemisebenzi yakho emihle. Inye kuphela into ayakuyamkela uThixo, kwaye elo liGazi likaYesu Kristu. Siso kuphela isigqubuthelo. Ngaphandle kOkuya, ukuba uthi, "Gcina umgaqo," isigulo sokulibala ngokwasemoyeni! Yilonto eyenzekileyo.

161 Ngoku qaphela, balilibele iLizwi labo. Bayilibele iBhayibhile. Balilibele idinga. Bazama ukuphila kwilitha koko yayikuko iWisile, into eyayiyiyo iBhaptizi, into awayeyiyo omnye umntu. Nali idinga lalo mhla, kwaye uThixo eLithetha ngeLizwi Lakhe, eqinisekisa kwakhona kwaye eqondakalisa ukuba Linjalo, kwaye futhi abaLikholelwa. Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni! Injalo ngqo loo nto. Ngokupheleleyo, ngokupheleleyo abaguli ngokulibala, ngokuqinisekileyo abaLikholwa kwaphela.

162 Ijoni laseFransi. Ndabaliselwa ibali elincinci; phambi kokuba sivale. Bendingayazi ukuba bekusele kusemva kwexesha ngolohlobo, kwaye ndinamaphepha amalunga neshumi lamanqaku apha aseleyo; fumana ngelinye ixesha. Qaphela, ijoni laseFransi. Bafumana iqela lamajoni avela emkhosini, kwaye ayenesisigulo sokulibala. Isuka kumothuko, edabini. Kwaye babenenkqubo, kwaye ba—bafowuna baze bavumela abantu ababelahlekelwe zizihlobo zabo ukuba bafowune ukuze babone ukuba babenakho na ukukhomba la makhwenkwe. Akukho themba kuwo, mhlawumbi ibe nye okanye amabini, baphume kuyo, bayibambe. Kwaye emva koko babathatha abanye, babeza kubafaka kwindawo yokunyanga abasachachayo, apho kwakuyakufuneka bahlale ubomi babo bonke.

163 Babenyuka induli, ululiwe utsala; baye bamisa esitishini, bavumela amakhwenkwe aphume ayokolula imilenze yawo. Kwaye abalindi behla phezu kwenduli, ukuba babajonge, ngokuba ngenxa yesigulo sokulibala, kutheni, kwafuneka ba—babajonge.

164 Ngoko babukela omnye umfana apho, waphuma waza waqalisa ukukhangela macala onke kwelo tanki lamanzi, wajonga macala onke endulini. Wahlikihla ubuso bakho, waza wafundisisa. Waphinda wajonga kwakhona, waza walibona ela tanki lamanzi. Wajonga macala onke esitishini, waza waqalisa ukuhamba. Endaweni yokuba unogada amnqande, wamlandela.

165 Wenyukela ngaphaya kwenduli, wehla ngendlela encinci, wajikela ngasekunene wenyuka ngaphaya kwenye induli encinane, wafika kwindlwana yeenkuni. Wajonga. Kwaphumela phandle kwiveranda, ixhego liphethe intonga esandleni, laphuma laza lamwola ngengalo. Lathi, "Nyana wam, bendisazi ukuba uya kubuya. Bandixelela ukuba ufile, kodwa bendisazi ukuba uya kubuya." Yaza inkwenkwe yaziqonda. Isigulo sakhe

sokulibala samshiya. Wayenokuzichaza ukuba wayengubani. Wayesazi ukuba lowa yayinguyise.

166 Owu, joni loMnqamlezo, elothuswe luqeqesho olungaka, zininzi izothuso zehlelo nemigaqo, nezinto zehlabathi, kutheni ungakhe uphume nje imizuzu embalwa uye ukhangele macala eBhayibhileni? Usenokubhadula, kwaye usenokuzifumana ubandakanyiwe apha eLizwini, njengekholwa, ngolunye lwezi ntsuku. Usenokungamazi Yena. Usenokuzinqonda, njengokuba wenzayo unyana wolahleko, kwaye uziqonde. Ungazifumana into oyiyo kuMazwi kaThixo.

167 Omnye umntu wathi, ngenye imini, kungekudala, wathi, "Kodwa, Mzalwana uBranham, jonga kuthi bantu bePentekoste, amabandla amahle esinawo. Ngokuba, thina, sinabalungiseleli abaqeqeshiweyo."

168 Phulaphula, xa indoda itshata umfazi, ayithembeli kubuhle bakhe. Hayi. Ithembela ekuthembekeni kwesibhambathiso sakhe, ilizwi lakhe. Ayithembeli kubuhle bakhe. Ithembela ekuthembekeni kwakhe.

169 Kwaye yiloo ndlela ke xana utshatela kuThixo, akuthembeli kwicawa enkulu entle onokuthi uyakhe, kodwa kwisithembiso awasenzayo uYesu Kristu, sokuba, "Ndikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Niyakholwa yiloo nto?

Masithobeni iintloko zethu okomzuzwana nje.

170 Andiyazi, ngokuhlwanje, kwisakhowo apha apho abantu bahleliyo, apho kukho amadoda nabafazi abanguNaphakade, abantu ababotshelelwe ukuya kuNaphakade, kwaye uyazi ukuba ngenye imini okanye ngenye umelwe kukuhlangana noThixo. Kwaye andiyazi ukuba ubunomoya omncinci wesa sigulo sokulibala, kwaye ubuya. . .Ubandakanywe kwinto engalunganga, kwaye ubuya—ubuyakuthanda ukuzula-zula ukunqumla, ngokuhlwanje, uze ufumanise ukuba awunakubandakanywa na kuKristu Yesu? Ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndithandazele, Mzalwana uBranham, ndi—ndifuna ukubandakanywa njengomKristu wenene, ikholwa lenene." UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Usikelelwe! Owu, ewe, ngapha nangapha. INkosi uThixo ikusikelele.

171 Umntu phezulu kwi-bhalkhoni, uthi, "Mzalwana, ngenene ndiyakholwa ukuba yiNyaniso leyo. Ndiyakholwa, njengamaKristu, asingomaKristu njengokuba ayeqhele ukuba njalo kwiminyaka eyadlulayo."

172 Malunga naphi ngani bantu bamaPentekoste, xana oonyoko nooyihlo babedla ngokuma esitratweni apha phandle, babethe ithamborina endala. Kwaye umama wakho, indlela awayefanele enze ngayo. . .Ufanele adinwe, atsale nzima ngani bantwana abancinane. Ngamanye amaxesha kwakufuneka uhambe ngaphandle kwempahla, nayo yonke enye into, kodwa utata nomama bathembeka kwiSizathu, ekubambeni uKristu.

173 Khangela into enayenzayo nina bantu bakwaMoya. Kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo, naphuma kumbutho. Yiloo nto enenza nibe ngamaPentekoste, nazahlula kongakholwayo. "Kwaye njengehagu emgxobhozweni wayo, nenja emhlanzweni wayo," nibuyele ngqo emva kwaye nenze okufanayo, nenze kwa uhlobo olunye lwembhutyulelo eniphume kulo. Yintoni ingxaki? Kuvele isigulo sokulibala ngokomoya phakathi kwabantu. Ninemigaqo yenu namaphepha enu obuhlelo ngoku, kwaye nikunye ngqo nabanye bonke, nifuna ukuba kunye nabanye. Nivumele abafazi benu ukuba bachebe iinwele zabo, baziqabe. Nina, nina niyabavumela ukuba benze zonke ezi zinto, nivumela zonke ezi zinto e—emabandleni. Ingaba yintoni? Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni.

174 Ngoko, into yokuqala oyaziyo, xa uThixo eqalisa ukutyelela phakathi kwabantu, ngoko kwenzeka ntoni? Aninakuyamnkela. Yabona, nibe nigula kakhulu sesasigulo sokulibala, yabona, ekuphela kwento enakhe nayiva. Anicingi ukuba kufanele nehle kula mgaqo okwemizuzu nje embalwa nize nithabathe iBhayibhile, kwaye nibone ukuba umKristu umelwe kukwaziswa njani? "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo!"

175 IZenzo, uPetros wathi, "Guqukani nonke ngabanye, kwaye nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze kuxolelwe isono, kwaye niya kwamkela isipho soMoya oyiNgcwele; kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nabo bakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza." Ukuba bakuxelela ukuba Oko akunjalo, ngoko umalusi wakho unemeko embi yesigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Akanakuzifumana ebandakanywa nela Bandla; hayi umbutho; iBandla, uMzimba kaKristu oyimfihlelo.

176 Ngoku uMoya oyiNgcwele ulapha. Ulapha ukwenza kanye oko Wathembisa ukukwenza. Ngoku ngeli lixa nilapha nithobe iintloko zenu, qhubekani nithandaza. Vumela uMoya oyiNgcwele athethe, ngoKwakhe. Kwaye nibone ukuba oku . . . Nabani na uyayazi loo nto, idinga, lelantoni na ngalo mhla. Ngoku nina nisweleyo, ngokuhlwanje, nina, abaninzi benu baphakamise izandla zenu. Ngaphambi kokuba wenze oko . . .

177 Andiyazi, ngeli lixa silapha kwaye sithandazela abagulayo ngenene, andazi nokuba ungaphuncuka na kokuya kungakholwa, elaa hlelo, laa mgaqo okuxelela ezi zinto azinjalo, lowo unokukuxelela ukuba Yekamtyholi. Xana besenza oko, "Abanakuze baxolelwe, kweli hlabathi okanye kwihlabathi elizayo." Kungathini ukuba Oku yiNyaniso? Cinga nje, ukuba Yiyo, ngoko uphi? Yabona, awunyanzelekanga ukuba uyithethe; yikholelwe nje entliziyweni yakho. Kwaye kukho abantu apha abayikholelwayo loo nto. Ndihleli apha, ubusuku obubini bokugqibela, ndisebenza phantsi kwento, nje, bethu, ndibambe ndilume ulwimi lwam, ukuze ndingayibizi.

178 Kwaye khumbula, sihlobo, kuphakathi kwakho noThixo. Kungathini ukuba ayilunganga, kwaye ucinga oko? Uyayazi into eyenzekayo, awusoze uxolelwe ngayo. Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni, uyakuhamba uye kungena ngqo ekufeni kwakho kwaNaphakade, ukungakholwa. "Lowo ungakholwayo, uselegwetyiwe!"

179 Ngoku thandazela ukugula kwakho, uthi, "Nkosi Yesu, Wathembisa. Ndi . . . "

Mhlawumbi abanye abangaziwayo apha, abangazange babe lapha ngaphambili.

180 UYesu wathembisa, "Njengoko kwakunjalo," Ndiza kuthatha iSibhalo esinye, "ngemihla kaLothe," xana uThixo wabonakalaliswayo ekumzimba wenyama; kwaye abantu, u-Abraham, iqela elinyuliweyo, iqela elibizelwe ngaphandle. Kwaye igama lika-Abram latshintshwa laba ngu-Abraham, emva koko walibona iLizwi lenziwe inyama, kwaye Lacalula iingcinga ezazisentliziyweni kaSarah.

181 Kwaye xana iMbewu yaseBukhosini ka-Abraham yeza, nantso into Awayenzayo, kwaye baMbiza "umtyholi."

182 Wathi, "Ngoku xa uMoya oyiNgcwele efika, uyakwenza kwaloo nto inye." Wathi, "Ngoku kukho ukuxolelwa xa uNdibiza ngolo hlobo, kodwa, xa uthetha ngokuchasene noMoya oyiNgcwele, akukho kuxolelwa."

183 Ngoku wanga Yena, emandleni Akhe, angadlula kwesi sihlwele sabantu, nokuba uphi na, nangokucalulula Kwakhe kokomoya ebonisa ukuba Yena uliLizwi. Ukuze ukuba kukho nabani na apha ohlutshwa sisigulo sokulibala, ukuba abayi . . . kungabi nakuziphendulela, phambi kokuba kwenziwe olu bizo lwesiguqo.

184 Yanga iNkosi uThixo inganceda. Ngoku iintloko zenu zithotyiwe, nithandaza ngentlonipho.

185 Yabona, kukho inenekazi elihleli apha phambi kwam. Libeke izandla zalo ebusweni balo. Lihlutshwa yimeko yomqolo. Kwaye naye unovalo. Unengxaki yesisu. Kwaye uhleli apha phambi kwam ngoku. Kwaye unokwazi, akaphumi kweli lizwe. Usuka kwisixeko esibizwa ngokuba yiMacon. Ehe. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani na? UnguNkosazana Ayers. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ndingowasemzini kuwe. Yinyaniso leyo, akunjalo? Ngoku ingxaki yakho iphelile. UYesu Kristu; uchukumise ingubo Yakhe. Ukwenze waphila. Ngoku yikholelwe nje.

186 Kukho indoda ehleli ngasemva kwesakhiwo. Ifuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ifuna ubhaptizo ngoMoya. Imi apha phambi kwam. Ayiyoyalapha, nayo. Ivela eCarolina, eCharlotte. Lepoe igama layo. Kholwa ngentliziyo yakho yonke,

kwaye uThixo uyakukuzalisa ngoMoya oyiNgcwele, mzalwana wam—wam, ukuba uyakuyikholwa.

187 Apha, ngasekunene kwam, nantsi i—indoda nenkosikazi yayo behleli kanye phambi kwam apha. Sisibini esidala, ngasekunene kwam. Inenekazi lihlutshwa yimeko kabhobhosi. Umyeni wakhe unengxaki yentliziyo. Abasuki apha. Basuka eTennessee. UMnu. noNksk. Thomas, ukuba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke, phakamisa izandla zakho kwaye ungayamkela impiliso yakho. UYesu Kristu uyakuphilisa. Yiloo nto kanye Athembise ukuyenza. Kodwa andizange ndibabone abantu ebomini bam.

Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni!

188 UYesu wathi, "Imisebenzi endiyenzayo mna niyakuyenza nani. Kuselithuba elifutshane, ukuze ihlabathi lingabi saNdibona; noko niya kuNdibona nina, ngokuba mna," isimelabizo somntu, "ndiyakuba nani, ndibe ngaphakathi kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi." "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

189 Ngoku, kumadoda nabafazi abalapha, abanento nje engalunganga ngawe, ukuba awuboni nje ukuba njani . . . Wena, uyafuna ukukholelwa, kodwa awukwazi nje ukungena kuyo, kwaye ungathanda ukuba uthandazelwe, ufuna ukumamkela Yena ngeli thuba useBukhoneni Bakhe, ungeza ume apha ecaleni kwam, mandithandaze ndibeke izandla phezu kwakho. Ukuba ungeza apha kanye ngoku, wena ubandezelekileyo ngolo hlobo, unesigulo sokulibala ngokwasemoyeni, kwaye ungathanda ukuthandazelwa, ukuze ukhululwe kuloo nto. Ukuba akulilo i—akulilo ikholwa, koko ufuna ukuthandazelwa, yiza apha uze ume. UThixo akusikelele, mfana. Omnye umntu eze? UThixo akusikelele, nenekazi. Yiza. UThixo akusikelele, nenekazi elincinane. Omnye umntu eze? Yiza, ume apha, kanye ngoku.

190 Isigulo sokulibala ngokwasemoyeni, andifuni kubethwa ngako oko. Makube lee oko. Mandi—mandife ukufa kuka—kwayo nantoni, kodwa ungaze undivumele ndife okwa kufa njengongakholwayo.

191 Yiza, yamnkela Yena ngoku. Awunakuyenza? Yizani ukusuka, kwaye yehlelani ezantsi niphume kwibhalkhoni, bahlobo. Ngamanqwanqwa nje ambalwa apha ezantsi, kwaye kusenokuthetha umahluko phakathi kokufa noBomi, kuwe.

192 Khangela, andinakumenza uKristu enze nantoni. UKristu akudingeki enze nantoni ngaphandle kwento enye: Umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe. Umelwe kukwenza oko ukuze abe nguKristu, abe nguThixo. Umelwe aligcine iLizwi Lakhe.

193 Ngoku khumbula, ukuba awuqinisekanga ngamava akho, kutheni ungehli ngoku. Ukuba nje ungowehlelo, ukuba ungumzukulwana wobuPentekoste, uThixo akanabo nabazukulwana. Unoonyana neentombi, kodwa

akanabazukulwana. Yabona? UThixo akanako oko. Unoonyana neentombi, kwaye uyayazi ukuba awunguye.

194 Mhlawumbi uthethe ngeelwimi, usenokuba udanisile, usenokuba ukwenzile konke *oku*. Konke kulungile. Andinanto ichasene nayo. Kodwa nangoko ukuba usenaso esa sigulo sokulilbala ngokwasemoyeni, yihla, uze apha kwaye ume apha. Masithandaze ngayo. Ingaba uthini? Ilungu lecawa, nje i—nje lilungu lecawe ngegama, kutheni ungezi apha kwaye masiyisuse khona ngoku?

195 Andifuni kuyishiya iBirmingham apha, kwaye ndisazi ukuba ngenye imini, xa uMgwebo ufika, kwaye ke kufuneka ndime phambi kwenu. . . Khumbulani, ndiza kuhlangana nani kwakhona. Ukuba andizange ndidibane nani apha kule nto, okanye ndiza kudibana nani eMgwebeni kwaye kufuneka ndiphendule ngento endiyithethileyo ngokuhlwanje.

196 Ngoku phulaphulani. Guqukani, zihlobo! Guqukani, phuma kuyo. Phumani phaya. Yizani ngoku.

197 Loo nto imelwe kukwenza wonke umfazi onqothule iinwele kweli lizwe, okanye kule ndawo, enyuke eze apha ngoku. Kunjalo ngqo oko. Oko, ukuba awunalo ubabalo olwaneleyo lokuthetha ngokwenene, “Ndi—ndi—ndi—ndifuna, ndifuna ukuziyeka iinwele zam zikhule, Mzalwana uBranham.” Ifanele. . . “Ndine. . . Ke, andinalo ubabalo lokuyenza.”

Kutheni, uthi, “Ingaba loo nto inento yokwenza nayo?”

198 Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, umlungiseleli omkhulu ngenene weza kum, wathi, “Ndifuna ukukubeka izandla kuwe, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Wonke umntu ukuthabatha njengomprofeti.”

Ndathi, “Andizange ndathi ndandingumprofeti.”

199 Wathi, “Kodwa abantu bakuthabatha ngako oko. Uhlala ubakrazula abafazi, malunga nokunxiba ezimfutshane,” kwaye—kwaye, owu, indoda engumPentekoste. Waze wathi, “Malunga nokunxiba ezimfutshane, nokunqothula iinwele zabo, nezinto.” Wathi, “Ayingomsebenzi wakho lowo.”

Ndathi, “Ngokabani ke ngoko?”

200 Kwaye wathi, “Abo bantu, kutheni ungabafundisi abo bafazi ukuba mababe njani, babe nezipho ezikhulu zomoya, kwaye uncede abantu, endaweni yokuzama u. . .” Wathi, “Bayakuhlonipha. Obaxelela kona, baya kukukholelwa.” Wathi, “Kutheni ungabaxeleli indlela yokufumana izipho ezikhulu kunye nokunceda abantu, endaweni yokuba uhlale ubohlwaya?”

201 Ndathi, “Ndingabafundisa njani i-algebra xa bengenakubafunda noo-ABC babo?” Yabona? Yabona?

202 Kuya kufuneka uqale ukusuka emazantsi, guquka okanye utshabalale! Ngoku ungazikhethela ekufaneleyo,

guquka okanye utshabalale! UYesu Kristu uZibonakalise ngokupheleleyo apha, ubusuku emva kobusuku. Kwaye obu bubusuku esasiguquguqukela olu sindiso. Ngamanyathelo nje ambalwa apha phezulu, kwaye ndinexesha elininzi lokulinda.

203 Khumbulani, Birmingham, igazi lenu alikho phezu kwam. Ndimsulwa. Kwaye ukuba ngenene unaye uMoya oyiNgcwele, unethuba lokuza ngoku. Kwaye ukuba ukhathazwa luhlobo oluthile lobucawa olubangele ukuba ube nesigulo sokulibala ngokomoya, kutheni ungezi? UYesu ungophilisayo. Awuyi kuza?

204 Ngoku abanye abantu bayishiyile ibalcony. Bendilindele ukubona ukuba baphi na, bephuma okanye besiza esiguqweni. Aba balapha ezantsi, nyukelani ngapha. Ilungile lo nto. Nina balapha, yizani nime ngasesiguqweni, nithi, "Ndigqibile ngoku." Ewe, bebesihla, amanenekazi amabini. Kulungile oko.

205 Yiza kanye ngoku. Amanyathelo nje ambalwa ukusuka kuyo. Kwaye la manyathelo anokuthetha umahluko.

206 Ngoku, khangela, ndifuna ukukubuza into ethile. Kungathini ukuba Engeza ngokuhlwanje? "Owu," yithi, "Akezi." Andazi nokuba Uyeza na okanye hayi. Olu luphawu lokugqibela. Khumbulani, ITSHO INKOSI! Nakhe nandiva ndisitsho oko kuphela oko kwakuyinyaniso? Nibona umqondiso wenu wokugqibela. Oko kungokweSibhalo. Niwubonile umqondiso wenu wokugqibela, Pentekoste. Musani ukuphixaniseka ngoku noko Wakuthembisayo uSirayeli emva koXwilo; oko asinini. Kuphelile ngani, ngoko. Yabona? Ngoku lusuku lenu. Ngoku luphawu lenu. Ngoku lixesha lenu. Musa ukuYala. Musani ukuyenza. Kungcono nize. Niyakholwa ukuba ndingumkhonzi kaThixo? Khumbulani.

207 Birmingham, andizange ndidibane nabantu abalunge kakhulu. Ningabona bantu balunge kakhulu endingafuna ukudibana nabo ebomini bam, kodwa nidinga imvuselelo. Niyafa. Nithabatha isigulo sokulibala ngokwasemoyeni. Niyafa. Musani ukuyenza loo nto. Vuselelani oko ninako. Kuziseni kwakhona, ngokukhawuleza, ngaphambi kokuba uYesu eze.

208 Kulungile, ngelixa be. . . Qhubeka ukuza. Bavumeleni nje baqhubeke besiza side sibafumane bonke, abo iNkosi ebabizayo, apha phezulu. Yizani ngoku.

209 Yahlukanani neso sigulo sokulibala. INyangi enkulu ilapha ngoku ukuba iphilise oko, iyisuse kuni. Uqondakalisile ukuba Ulapha. Bangaphi abayakukukhomba oko, ngokuphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiyayikholwa ngenene; ukuba Wathi Uyakukwenza oku"? Yabona? Ngoku Ulapha. Yabona? Yabona? Uyakholwa.

210 Kwaye bangaphi na abaziyo ukuba ndinixelela inyaniso, ukuba niyafa kwaye nidinga imvuselelo? Yabona? Yinyaniso.

211 Ningabantu abalungileyo. Awunakufumana abangcono. Akukho zintliziyo zibetha ngcono, kunaphantsi kwezihempe zindala zaseMazantsi ezantsi apha. Injalo lonto, abantu bokwenene! Kodwa, bantu, kungcono nivuke, ngokukhawuleza! Ngeyure ongayicingiyo, inokwenzeka. Isenokungenzeki; Andazi.

212 Kodwa, khumbulani, nifumana isilumkiso senu sokugqibela, ke balekani ngelixa nisenexesha lokubaleka. Yizani ngoku. Logama nje besiza, ndiza kuhlala ndilindile, kuba kunokwenzeka . . . Umphefumlo omnye uxabisa ishumi lamawaka ehlabathi. Kwaye okoko nje abantu beqiniseka . . .

213 Ndingathanda ukubona oku kuvulekela kube yimvuselelo enkulu enokuthi imise ibandla ngalinye apha; ukuba ninokuqhekeza iyantlukwano yenu nisuse konke okwa kuzicingela, kwaye namkele uMoya oyiNgcwele. Nibanga ukuba niyaLikholwa. Nibange ukuba niyaLikholelwa, kwaye, xana lisiza kuZichaza, ngoko niyakutsalela ekwahlukaneni omnye komnye. Kutheni singadibaniseli iintliziyo zethu neLizwi likaThixo size sikholelwe iNyaniso? Nantso into. Niyakuhlala nje nisifa, nisifa, kwaye niyaphuma ukuyokungena ngqo eLawodike. Kanye oko Wakuthembisayo, Iyakuba ngala ndlela. Awunakuza ngoku? Ngoku yimini. Ngoku lixesha elamkelekileyo. Khangela ukuba uMoya oyiNgcwele uyakwenza ntoni na.

214 Ngoku ndifuna bonke abalungiseleli apha, abanomdla kwaba bantu, beze bathandaze nam, nabo. Yizani apha, bonke abalungiseleli abanomdla kwaba bantu. Yizani, yizani nje ngapha, ningene phakathi kwabantu, umlungiseleli okanye umsebenzi wobuqu, umsebenzi olungileyo wobuqu, abafazi abangafuna ukuma naba bafazi ngoku. Ndizakukholwa, ngentliziyo yam yonke, ukuba uMoya oyiNgcwele uzakuza kule ndawo kanye apha ngoku kwaye aZibonakalise nje ephakathi kwaba bantu.

215 Ngoku mandibayalele aba bantu apha, kuqala. Ngoku, zihlobo, nantoni na eniyizele apha, Yena uyazi. Kwaye ndingakuqinisekisa kuwe, kuyakuthatha, nganye nganye, ndikuzise apha kweli qonga, kwaye akusayi kubakho nanye into Angayi kuthi ayazise. Ngoku oko kwenzeka oko ndiseyinkwenkwana. Eso sipho asikho sekubuzweni. Kodwa umbuzo ngulo, ingaba ungasamnkela na? Uyasikholelwa na? Ngoku Ulapha. Ke, ukuba Ulapha, ngoko inye kuphela into, Uyaligcina iLizwi Lakhe. Ngoko kholwa nje ukuba uyasamkela, kwaye usamkele, kwaye uphakame uthi, "Nkosi Thixo, ndilapha ukuza kusamnkela," kwaye nje uhlale apho de kwenzeke.

216 Njengoko uBuddy Robinson watshoyo ngaxesha lithile, kwintsimi yombona. Wathi, "Nkosi, ukuba awundiniki uMoya oyiNgcwele, xa Ubuya uya kufumana imfumba yamathambo elele kanye apha." Wayenyanisekile kanobomi.

Kwaye awuzukufumana nto kuThixo ude ube nokuzilahlela ngokwaneleyo.

217 Ngoku, ukhe wasiqaphela isityalo sanamhlanje, ingaba uyiqaphele namhlanje into esiyenzayo? Thina, eneneni, sinoThixo owaneleyo malunga nathi de apho sifika phezulu eqongeni, sithi, "Ewe, mhlawumbi kungcono ndize." Ngoku la ngamava ehlabathi jikelele. "Ewe, kungcono ndinyuke ndime." Ndithi, "Ke, ke, andazi. Ndilapha, yabona." Hum! Enjani yona indawo ukuba kuyo! Akukho mlilo uvuthayo. Akukho mdla. Akukho i "ngena kuYo!" Kwaye, njengomvangeli, oko kuyandibulala nje ukubona abantu bakaThixo bekula meko. Sifanele ukuba siyavutha.

218 Kodwa, uyabona, yintoni? Yile nto kanye bendikuxelele yona. ISityhilelo 3, "Udikidiki. Kwaye," Wathi, "ngokuba udikidiki, ngoko ndiyakukuhlanza uphume emlonyeni waM." Ilungile lo nto? Yiloo nto Awayithethayo. Kwaye, ukuba Wayithetha loo nto, nantso into Azakuyenza. Ngoko masingabi seso sihlwele.

219 Ulapha, uswele. Masiyifumane Yona, okanye sife, kanye apha. Injalo lonto. Masiyifumane Yona, okanye sife.

220 Ngoku, mzalwana wam othandekayo, dade, ukuba bendingehla ndikuncede wenze into ethile, ngokuqinisekileyo bendingayenza. Ngoku, ngesipho, ndingakuxelela ukuba ulapha ngantoni. Ndingakuxelela yintoni, ngoMoya oyiNgcwele, ngoMoya kaThixo, ukukuxelela into ozele yona, okwenzileyo, liyakuba yintoni ikamva, okanye into enjalo; kodwa oko akuyilungisi. Umelwe kukwamkela Oku, ngokwakho. Kufuneka ibe nguwe!

221 Ngoku ulungile? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndilungele. Ndikulungele ukufela apha." Ngoku musa ukuyenza ngaphandle kokuba uqinisekile ngayo. "Ndikulungele ukufela apha, okanye ndifumane le nto ndiyifunayo kuThixo." Amen. Ingaba ngokwenene ukulungele?

222 Ngoko mabame abaphulaphuli, kuyo yonke indawo. Ngoku kunye, kunye, masimanyane kunye. Masithandaze. Kwaye senza nje. . . Nina balungiseleli ngoku hambani niye kwaba bantu balapha, wonke umntu, kwaye nimele izandla zikaKristu ngoku.

223 Nina enifuna uMoya oyiNgcwele, nina nifuna lawa mava, hayi imincili yemizwa; ufuna uMoya oyiNgcwele, uBomi, intsobi yoBomi ngaphakathi kuwe. Kwaye ufuna ukususa esi sigulo sokulibala esikwenza wena—wena ungakwazi ukuzazisa; awazi apho umi khona; awuyazi into oyiyo; masiyisuse ngoku! Kukho uZalo olutsha apha olwenzelwe wena, olwenene, uZalo ngokutsha ngokwenyani.

224 Ngoku masibeke izandla zethu phezu kwaba bantu. Masi, wonke ubani, siphakamise izandla zethu kwaye sithandaze ngamxhelo mnye.

225 Bawo waseZulwini, eGameni leNkosi uYesu, yinikeze, Nkosi, ukuba eGameni likaYesu Kristu, ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuza ngokuhlwanje, ngobu busuku bangoMgqibelo, apho uMoya oyiNgcwele wawayo njengomoya ovuthuza ngamandla. Banga aba bantu bangabhaptizelwa kuMoya oyiNgcwele. Wanga uMlilo naMandla kaThixo ungabashiyi. Ukuba balapha kusasa, banga bangahlala, bahlale de uMoya oyiNgcwele ufike.

226 Leyo yingcamango! Yiyo leyo! Nantsiya Yona. Lowo nguMoya oyiNgcwele ozayo. (Ndiyenzile. Ndiyakwazi oko.)

Kuko konke. Wukholelweni Wona ngoku! Wamnkeleni Wona! Zaliswani ngeentsikelelo Zakhe.

